


# INKOMFA NOTHIXO

 Enkosi, Mzalwana Orman. Enkosi kakhulu. Kuhle, siyavuya ukubuyela emnqubeni kwakhona ngale ntsasa. Nje u—ukutshothoza okuncinci; sibe nelinjalo ukumangalisa ixesha ngale veke. Lena ibiyenkulu iveki yeentsikelelo kum. Kwaye ndiqinisekile ibe njalo nakuni, ngokunjalo, abaninzi benu apha. Abaninzi bazuze uMoya oyiNgcwele. Leyo ibiyinjongo yethu kulo mhlango. Kwaye isizathu sokungawupashi, phandle kakhulu, kube kwisizathu sokungabi na—nandawo yokubeka abantu. Yabona? Thina nje. . . Ubusuku emva kobusuku, abantu bayemka nje, abo ngabantu bethu basekuhlaleni. Kwaye siwuchazile nje phakathi kwabakuthi apha.

<sup>2</sup> Kwaye malunga nenkxaso nje ngoku ukwenzela ibhaskithi, ibisenzelwa abantu bethu basekuhlaleni. Enjani. . . Leyo yinto yethu yebandla. Esi sesethu sesiqhelo isikolo seCawa. Yabona? Kwaye bona. . . Kakade, ukuba nabani ebefuna ukunceda kula mba, siya—siyakuqinisekisa ukuba isiwa kwabona banesidingo. Sineentsapho, esixekweni, ezingenayo kwanto, ezingasayi kuba nanto ukwenzela iKrismesi. Zixhomekeke kweli bandla. Kwaye ke, ngaloo ndlela, kutheni, iya—iyakuya kweso sizathu. Omnye wamadikoni, baxelele nje ukuba iyeyantoni, okanye udadewethu emva phaya uyakuyithatha.

<sup>3</sup> Ngoku, ndivile sesinayo inkonzo yobhaptizo ngale ntsasa. Ngahlobo luthile bandibethile mna kokuya, abenzanga njalo? Kuhle, ngoko, siyakuba nolunye ngobubusuku, ke, ngoko, sibe nezimbini zazo. Ke sifanele. . . Okanye, okuncinci, iqula liyakube lizalisiwe, kuba kwamsinya emva kwenkonzo, ngobubusuku, kuyakubakho enye inkonzo yobhaptizo.

<sup>4</sup> Kwaye abanye babo, bathe, kofanela babhaptizwe. Ke uBilly ubaleke wenyuka, kwimizuzu embalwa egqithileyo, wandixelela, wathi, “Sukuza kwangoku, ngokuba uMzalwana uNeville kufanele abhaptize, kuqala.” Kwaye wathi, “Bekukho abantu abaninzi phaya ebekufanele bemke, kanye ngoko. Kwaye bebengaqinisekanga ukuba besizakuba nobhaptizo ngale ntsasa.”

<sup>5</sup> Khumbulani, eli qula lisoloko livulekile. Maxa onke, nangaliphi ixesha, nangayiphi iyure yosuku okanye yobusuku, lilungele ubhaptizo. Abanye abalungiseleli beza apha, basebenzise eli qula ukubhaptizela, ke sivuya kakhulu ngoko.

<sup>6</sup> Apha ngexesha eligqithileyo, ibandla iPark Methodist, bendingaphaya kwi—kwinkonzo yenkonzo yokushumayela. Kwaye othandekayo umzalwana wathi, “Bendingaphaya kuMzalwana uBranham ngolunye usuku, ukuya kusebenzisa leya—leya. . .” Wathi, “Yintoni eniyibiza ngayo laa nto?”

<sup>7</sup> Ndathi, “Iyakubanzima kumWisile ukuthi, ‘Baptistry.’” Babenesityana esincinci phaya, abatshiza kuso, niyazi, nje into encinci ihleli kokuya. Ndathi, “Linzima kakhulu igama kumWisile ukuthi, ‘Baptistry;’” ndatsho.

<sup>8</sup> Wathi, “Singathanda ukuba nolunye lwalo khona apha. Ngahlobo luthile ndiyakukholelwa okuya.”

<sup>9</sup> Ke, khumbulani, amaWisile, amaBhaptizi, amaRhabe, nawuphi othanda ukulisebenzisa, nantso ke. Livuliwe, amanzi asimahla.

<sup>10</sup> Kwaye sinokhuni oluncinci, lwencinci, ukhuni olushushu esilufaka phaya, ukuzama ukuwafudumeza. Kodwa, ndiyanixelela ngoku, ayiwafudumezi. Ngawona manzi abandayo endakhe ndaweve ebomini bam. Kwaye ndibhaptizile, amaxa amaninzi, apho kwafuneka ndithathe unyawo lwam ndikhabe umkhenkce emjelweni, ngolwa *hlobo*, ukwenzela ukubabhaptiza. Kuze emva koko ndigoduke, ndizame ukuya apho kufuneka ndihlale khona, nditshintshe iimpahla zam. Kwaye iimpahla zam ziyakuba ngumkhence kum, ndihamba. Bekunzima nje nokwenza amanyathelo am, umlenze webhulukhwe yam wawomile nje, ukwenza amanyathelo am. Kwaye ebengabandi njengawo lana. Lawo ngawona manzi abandayo endakhe ndawabona ebomini bam. Andizange nje ndabona nawaphi amanzi afana nalawo.

<sup>11</sup> Mzalwana uKelley, aphantse andibulale ngokuba ngumkhenkce, lonke ixesha ndingena phaya. Kwaye ke emva . . . [UDade uKelley uthi, “Ukuba uziva kamnandi, ayenzi.”—Mhl.] Injalo lonto. Xa uziva kamnandi, ayenzi. UDade uKelley uthi, “Xa uziva kamnandi, ayenzi.”

<sup>12</sup> Siyavuya ngeliqela labantu livuyayo, lixubeneyo apha, kuzo zonke iintlobo ezahlukeneyo zamahlelo. Ngabantwana nje bakaThixo bexutyiwe. Kukho abantu apha abangamaWisile, Bhaptizi, Nazarene, Pilgrim Holiness, Katolika, Amagqina kaYehova, Abobunzululwazi bobuKristu, amaPentekoste, yonke into ixutyiwe.

<sup>13</sup> [Othile uthi, “Nkqu nomYuda.”—Mhl.] Nkqu nomYuda. Mayibongwe iNkosi ngalonto. Enkosi. Siyavuya kakhulu ngomYuda. Ewe, mhlekazi. Ukuba i—ukuba ibengekho ngenxa yomYuda, andazi besiyakube siphi. Injalo lonto. Ngoku, kulunge kakhulu oko.

<sup>14</sup> Yilondlela iZulu eliyakuba yiyo, ngokuqinisekileyo, kuba iZulu liyakuhlangana lonke ngawo onke amahlelo ahlukeneyo. Kwaye seso sizathu sihleli kunye kwezasemaZulwini iindawo.

<sup>15</sup> Ngoku, Doc, oko bekulihlotyana lepsychology. Ndiyazi ibililo. Yena . . . Bendingasondelanga ncam kuyo. Ukuba sitshotrhana kancinci, ngale ntsasa, iyakungena kwigiyara yesibini, emva kwethuba, ize iqalise ukuqalisa, niyazi, xa ndiqalisa, ndiyakholwa.

<sup>16</sup> Ngoku, ndibe nayo imibuzo engenayo kubusuku obugqithileyo, ngokubhekiselele futhi kumhlango. Ukuba iNkosi ithandile, ndiyakuyiphendula ngokukhawuleza kakhulu, ngobubusuku, phambi kokuba sibe ne—neyesiqhelo inkonzo yentshumayelo, ngobubusuku. Kwaye ke—ke qiniseka ngokuza, ngobubusuku, ukuba unganako. Kwaye ukuba iNkosi ithandile, ndifuna ukushumayela kwesibalulekileyo kakhulu sona isihloko, sokuvala imvuselelo ngobubusuku, kangangokuba sisazi, ngaphandle kokuba uMoya oyiNgcwele uyakusikhokelela mgama.

<sup>17</sup> Abaninzi benu, kakade, kuyakufuneka babuyela emva emakhayeni enu, namhlanje, okanye emva kwale nkonzo, mhlawumbi, ngale ntsasa. Sifuna ukuthi siyanithakazelela, kakhulu. Kwaye sifuna ukuningqwenelela iKrisimesi emyoli nongcono uNyaka oMtsha. UThixo abe nani kwaye aninike izinto ezintsha, okungaphezulu kuBomi obutsha enibufunayo nenibulambeleyo. Koko endikwenzayo, ngokwam, kukulambela okungakumbi kukaThixo.

<sup>18</sup> Kukho eminye emininzi imibuzo. Kukho . . . Ndifumene nje embalwa egumbini, kanye ngoko, bandinikile. Kwaye omnye umzalwana unike unyana wam, kubusuku obugqithileyo, eminye imibuzo. Kwaye andifumananga thuba lokufika kuyo, ngokuba ndiyihlole nje epokothweni yam, kwaye bekusemva kwexesha kakhulu.

<sup>19</sup> Kwaye eminye yayo ibhekiselele emva kwakhona kulowa Mate- . . . okanye amaHebhere 6:4. UDade Mammie nje uthe, kwimizuzu embalwa egqithileyo, okokuba wayevuya kakhulu ukufumana okuya, kuba wayebuze kwa umbuzo omnye, kwixesha elithile eligqithileyo. Okuya kokona, kokona kubetha kakhulu. Kodwa ndiqinisekile nonke kuni niyifumene, into ebiyiyo. Ndiyathemba nenzile. AsingomKristu ozaliswe nguMoya.

<sup>20</sup> Ngoku ukuba uyakuya kumaHebhere 10, uyakubona ukuba Watsho phaya, kwahlukile, ngoko Uthetha ngesingaxolelekiyo isono kumKristu, kodwa, esi, kumntu ogcwalisiweyo.

<sup>21</sup> Kodwa lona ngumntu ulikholwa lasemdeni ongamle nje. Sinawo kuwo onke amabandla. Ukuza nje ebandleni, kwaye, owu, bayakuvuyela okwenziwa yiNkosi, kodwa abasokuze bangene kuko. Bayakuvuyela ukubona umntu ephiliswa, kodwa abasokuze benze nzame zokuphuma bayokuthandazela ogulayo, batyelele isibhedlela, okanye ukwenza into elungileyo, yabona, ngokwela hlobo. Nilubonile lona uhlobo. Bangamle. Babonile. Njengoko benditshilo, ooKayeni, amaKanana, okanye . . .

<sup>22</sup> AmaSirayeli, xa ayesondela eKanana, aphantse angena. Aya phaya, kude ngokwaneleyo ukuba bafumane incasa yeziqhamo zelizwe, kodwa athi, “Owu, thina—thina asinako. Thina—

thina asinakuyenza.” Kodwa uYoshuwa noKhalebhu bazi ukuba banakho ukuyenza, ngokuba babenesithembiso sikaThixo.

<sup>23</sup> Kwaye koko uPawulos wayezama ukuthetha ngako, ebhekiselele emva phaya kubo abasondelayo kuYo, kufutshane kakhulu, kodwa babengasokuze babeke isandla sabo kuYo, ngokunokwabo. Bathi nje, “Owu, ndi—ndiyaya ecaweni, zona iicawa. Ndiya kwe—kwelobungwele ibandla, ibandla lamaPentekoste. Ndiya *koku*.”

“Kodwa ingaba wamamkela uMoya oyiNgcwele oko wakholwayo?”

“Owu, hayi. Andikayenzi okwakaloku nje.” Yabona? Nako ke apho ukhoyo.

<sup>24</sup> Kodwa ikholwa lenene alisokuze liphumle lide liwufumane Wona. Lifanele liye phaya kuWo. Yabona?

<sup>25</sup> Nje uhlobo lwe—lwekholwa lasemdeni, ngoku, lowo ngumntu athetha ngaye uPawulos.

<sup>26</sup> Kanjalo, ngoku, ngale ntsasa, ngowesiqhelo uMyalezo weVangeli wale ntsasa, iNkosi ithandile, indinike elaneleyo izwi.

<sup>27</sup> Ke ndicinga ezo zizaziso. Andiqinisekanga, kodwa ndicinga zizo, kangangokuba ndisazi. Kwaye uMzalwana uNeville uzenzile ezinye.

<sup>28</sup> Kwaye ndifuna nonke nazi, ukuba nje ungale ndlela... Nina abafanele bagoduke, ngoku, kwaye ningenakho ukuhlalala inkonzo yangorhatya, ndifuna nazi. Ukuba ningaze nibelapha, nangaliphi ixesha, ndinqwenela bekunjalo, yizani nizokuva umalusi wethu. Sinowenene umalusi kulomnquba, uMzalwana u-Orman Neville. Andikutsho oko ngokuba ehleli apha. Ndimazile iminyaka. Kwaye zange atshintshe, nakancinci. Usengulaa Orman Neville, isicaka seNkosi. Ungaxhomekeka kuye. Nje othembekileyo, onyanisekileyo, omangalisayo umshumayeli. Ndihlala emva phaya...

<sup>29</sup> Kwaye ndibavile abashumayeli, kwihlabathi lonke, beshumayela. Kodwa ngamanye amaxesha ushumayela izinto ezindimangalisayo, ndiyakuxelela, zimke nje nawe, kwezo—kwezo nto zincinci azisebenzisayo. Ndiyakuxelela, lonke ixesha ndisiza, ndiphatha... ndifumana malunga nezihloko ezilishumi elinesihlanu kokuphuma kwintshumayelo yakhe, xa ndi—xa ndisiza, ndizibhale phantsi. Ndigoduke, “Owu, bethu, akunakwenza umyalezo okuya! Owu, bethu, akunakwenza umyalezo okuya!” Kwaye nje ndikubhale phantsi.

<sup>30</sup> Ke jikelani nizokuva uMzalwana wethu uNeville, nize nizinxulumanise nabantu bethu. Bangabantu abahluphekileyo, bahlupheka kakhulu. Kodwa bayayithanda iNkosi, bayakunithanda nani. Kwaye siyavuya kuba beninathi, kwaye ndithandaza ukuba uThixo anisikelele.

<sup>31</sup> Ngoku masithobise iintloko zethu okwethutyana phambi kokusondela eLizwini.

<sup>32</sup> Nkosi enenceba, siza ngoku nje ngentobeko njengoko sisazi indlela yokuza. Siza eGameni likaYesu, sikholwa ukuba Wena usithembisile, ngaYe, okokuba Wena uyakuva nantoni esiyakuyicela kuWe eGameni Lakhe. Kwaye siyathandaza, Thixo, okokuba Uyakwenza oku ibe lutyelelo kuthi apha ngale ntsasa.

<sup>33</sup> Sifuna ukubulela Wena ukusuka kumazantsi entliziyu yethu, ngoko Usenzele kona ngale veki iphelileyo. Ezininzi ezidakumbileyo iintliziyu zenziwe zavuya. Abaninzi abantu benziwe bavuya. Kwaye abaninzi ababebhidekile, eLizwini, ngoku bakhwaza uloyiso ngoYesu Kristu. Sibulela Wena ngezi zinto.

<sup>34</sup> Kwaye siyathandaza, Nkosi, okokuba namhlanje iyakuba lelinye ixesha oyakuthi Utyelele abantu Bakho. Kwaye sihlange ne apha, sonke, ezininzi iintlobo ezahlukeneyo, ndingatsho, zeecawa zobuhlelo. Abanye ngeenkolo ezahlukeneyo, omhlawumbi okobuhlobo ukungavumelani phezu kweZibhalo, kodwa singavumeli oko kube ngumqobo, konke konke, nkqu nakudade womYuda ophakamise isandla sakhe. Sihlangene kwezasemaZulwini iindawo kuKristu uYesu.

<sup>35</sup> Siyathandaza, namhlanje, okokuba uMoya Wakho uyakuthululelwa ngokutsha phezu kwethu. Siphe ubhaptizo olutsha, ngale ntsasa, Nkosi, okanye uzaliso olutsha. Kwaye sicela ukuba Uyakuphilisa abagulayo, abaxhwalekileyo, abo banesidingo. Apha yindoda ihleli apha kwisitulo samavili, abanye baphandle phaya, mhlawumbi, benengxaki yentliziyu, abanye benomhlaza. Bayafa, Nkosi. Kwaye oogqirha abathandekayo belizwe lethu bazichazile izigulo zabo baze behlela kuzo nzulu kangangoko benakho, kwaye mhlawumbi ngotyando, kwaye futhi elaa demoni lisabambebelele. Lizimisele ukubuthatha ubomi babo. Kwaye li...Bangasika ndaweni ithile ngemela yabo nezandla ezithambileyo, ukuzama ukunceda laa mntu, kodwa ela demoni liyakunyebelezela kwenye ikona encinci kwaye phaya liqalise kwakhona. Kuba linakho ngokupheleleyo ukuzimela kugqirha. Kodwa, Thixo, alinakuzimela kuWe. Wazi kakuhle apho likhoyo. Kwaye ngeLizwi lokholo Lwakho naMandla, kuyakufuneka lisuke. Kwaye siyathandaza kuWe, namhlanje, Thixo, okokuba Uyakwenza yonke into engcolileyo imke ebantwini, okokuze babe nempilo, baze bonwabele iintsikelelo zeNkosi uThixo wethu. Kuba sikucela kona eGameni likaYesu. Amen.

<sup>36</sup> Ngoku, kukho iitshefu ezininzi ezilele apha. Kwaye siyakuthandaza phezu kwazo. Kwaye ukuba akunayo elapha, kwaye uyayinqwenela, kulungile, ungasibhalela nje apha kwiposi isithathu sibini sihlanu, kwaye kwakamsinya

siyakuyithumela ibuyele kuwe. Oko kufumaneka ngoku kwiNcwadi yamaHebhere, kwiNcwadi ye—yeZenzo, isahluko 19, apho sithatha iitshefu okanye imibhinqo ebantwini, sithandaze phezu kwazo.

<sup>37</sup> Masityhileni, ngale ntsasa ngoku, kwiZibhalo, kwiNcwadi ka Isaya, isahluko soku-1. Isaya 1, ngelixa sifunda inxenye yeSibhalo.

<sup>38</sup> Kwaye ngelixa nisatyhila kuleNcwadi, ukuze nisilandele ekufundeni, sifuna ukuthetha okuthile malunga nenkonzo yempiliso ezayo.

<sup>39</sup> Ngoku, asizami kuthi senza impiliso eNgcwele, apha, okukhulu, ngokuba impiliso eNgcwele kokuncinci. Kwaye akusokuze wenze okukhulu ngokuncinci. Kodwa siyakholwa ukuba ulungiselelo lukaYesu Kristu, amakhulu asibhozo anesithandathu eepesenti wayo, yayiyimpiliso eNgcwele. Kwaye ekubambiseni umdla wabantu ngempiliso eNgcwele, izise ukuqonda ukuba WayenguThixo. Kwaye ba . . .

<sup>40</sup> Wathi, “Ukuba aninakuNdikholelwa ukuba ndikokuya, ngoko kholelwani imisebenzi endiyenzayo Mna. Kuba ukuba Mna andenzi imisebenzi kaBawo Wam, ngoko musani ukukholelwa kuM. Kodwa ukuba ndenza imisebenzi kaBawo, nize ningandikholelwa Mna, ngoko ke kholelwani imisebenzi.”

<sup>41</sup> Yabona, njengoMntu, Wazenza Yena uThixo. Emnqamlezweni, okanye . . . nje phambi komnqamlezo, bathi kuYe, “Asikuxulubi ngamatye Wena ngenxa yemisebenzi emihle othe Wayenza. Kodwa sikuxuluba ngamatye Wena kuba Ungumntu, uzenza uThixo Wena.” WayenguThixo. Wayenguye. UThixo wayekuYe. Kwaye ke, ngoko, Wathi, “Ukuba aninakuNdikholelwa, kholelwani imisebenzi eNdiyenzayo.” Yabona? “Kholelwani nje imisebenzi, ukuba yekaThixo.”

<sup>42</sup> Kulungile, ngoku, into ekwanye inamhlanje. Akukho mntu emhlabeni unguThixo. Ngokuqinisekileyo akekho. Sonke singabantu, wonke ubani uzelelwe esonweni, wabunjelwa ebugwenxeni, weza ehlabathini ethetha ubuxoki. Kodwa ekubeni singene kuyo ngokucacileyo ngale veki, ukubonisa ukuba uThixo wakhe waphila *ngaphezu* kwendalo Yakhe, ngenxa yesono. Ngoko Waphila *kunye* nendalo Yakhe, kwimo yomzimba, uYesu Kristu; wabeka intente Yakhe kunye nathi, wahlala nathi, “wenziwa inyama,” kunye nathi, ukuze ave ubunzima esonweni nasezintlungwini, intlungu, nezinto esizenzayo. Ngoko Wangcwalisa iBandla ukuze Abe nokuhlala *kulo*. Ke yayinguThixo phezu kwethu; uThixo kunye nathi; uThixo ekuthi.

<sup>43</sup> UYesu wathi, “Ngawo loo mhla, niyakwazi ukuba Ndikuye uBawo, uBawo ukuM; kwaye naM ndikuni, nani nikuM.” Kwaye niyabona phaya, nguThixo esebenza. Ke, xa umntu ezinikele

ngokupheleleyo kuMoya oyiNgcwele, nokuthetha, asingomntu othethayo.

<sup>44</sup> Ndiyakwazi oko ngamava. Ngamava am amancinci noKristu, ndifumene amaxesha athe—athe Yena wandivumela ukuba ndizinikele kuYe, de ndingazi oko bendikuthetha. Kwaye bendingenakutsho oko, ukwenzela nantoni ehlabathini, kodwa nguYe okuthethileyo.

<sup>45</sup> UHettie uhleli emva phaya, inenekazi. Ngenye imini, xa olu lutsha ulungiselelo, endithemba ukuba luyakuza ngale ntsasa. Kwaye nonke nina nivile malunga nalo. Kwaye xa sasihleli. . . Kwaye kukho okuncinci isibhozo okanye ishumi, kanye apha ngoku, babehleli bekho ngela xesha. Kwaye xa uMoya oyiNgcwele wajikela kulaa mfazi wamxelela ukuba acele nantoni ayinqwenelayo, kwaye iyakunikezwa kuye. Ucinga ukuba ndandinokutsho okuya? Ukuba bendinakho, bendiyakutsho kanye ngoku. Kodwa ndandingenakutsho okuya. Kwaye ndangcangcazela, ndandityhafile kakhulu. UMzalwana uBanks Wood, emile phaya, wayehleli ecaleni kwam. Kwaye umbilo usihla ngezandla zam, kwaye ndandityhafise kakhulu de ndaphakama ndayishiya indlu. Yandoyikisa kakhulu. Kodwa umfazi wacela enye yezinkulu izinto anokuthi nabani ayicele, kwaye wayizuzwa. Yabona, lowo yayinguThixo. Yayingeyondoda. Indoda ayinakuzenza ezo zinto.

UYesu wathi emthini, “Akukho mntu uyakutya kuwe.”

<sup>46</sup> Baze abafundi, kusuku olulandelayo. . . Okunjani ukukhawuleza, iqalise ukusenbenza kwangoko. Kusuku olulandelayo, uqalise ukubuna. Kwaye bathi, “Bonani ukhawuleza kanjani ukubuna umthi.”

<sup>47</sup> Kwaye Wathi, “Yibani nokholo kuThixo. Kuba inene Ndithi kuni, ukuba ni. . .” Hayi ukuba “Ndi,” kodwa ukuba “ni.” “Nabani oyakuthi kule ntaba, ‘Funquka,’ kwaye angathandabuzi, kodwa akholwe oko akutshiloyo kuyakwenzeka, ungakuzuzwa oko ukutshiloyo.”

<sup>48</sup> Lowo nguThixo kuwe. Yabona? Ngubani onokususa intaba kuphela nguThixo? Ngubani onokwenza izinto zenzeke ngolwa hlobo kuphela nguThixo? Ke, niyabona, ngaphandle kwempixano, uThixo usebantwini Bakhe. Ngoko sifanele ukuhloniphana omnye nomnye. Sifanele sithandane omnye nomnye. Ngaphezu kwemiqobo yobuhlelo bethu, sifanele sithandane omnye nomnye, nakanjani. Akukhathaliseki ukuba asinakuvumelana.

<sup>49</sup> Mhlawumbi, abapostile, babengenakuvumelana. Babefuna ukwazi ngubani ozakuba mkhulu, nezinto ezininzi. UYohane Marko, no—noPawulos phaya, babene. . . Kwaye uPetros noPawulos babenokungavumelani. Kodwa, unxibelelwano lothando, yilonto esiyizamamazayo namhlanje, okokuba onke amaWisile, Bhaptizi, Rhabe, Lutere, nantoni eyiyo,

sonke sihlangene, njengembumba yamaKristu. Ngoku sizama ukuzaliswa nguMoya, ukuba sinyukele kufutshane noThixo. Lowo ngumbono.

<sup>50</sup> ngoku nimfumene u-Isaya 1? Masiqaliseni ngomqolo we-14. Kwaye ndizakuthabatha isiqendwana, iNkosi ithandle, ukusuka kumqolo we-18, ukutsala umxholo wam.

*Ukuthwasa kweenyanga zenukunye nengqungquthela zenu umphefumlo wam uzithiyile: zisuke zaba bubunzima kum; ndidiniwe kukuwathwala.*

*Ekoluleni kwenu izandla zenu, ndiya kuwafihla amehlo am kuni: ewe, naxa nenze nayiphi imithandazo, andiyi kuva: izandla zenu zizele ngamagazi.*

*Zihlambeni, zenzeni nyulu; susani ububi, beentlonde zenu phambi kwamehlo am; yekani ukwenza ububi;*

*Fundani ukwenza okulungileyo; khathalelani ukugweba, hlulelani ocudisiweyo, gwebani ityala lenkedama, thethelelani abahlolokazi.*

*Khanize ngoku, sibonisane, utsho uYEHova: nokuba izono zenu zide zavela zanjengengubo ebomvu, ziyakuba... mhlophe njengekhephu; nokuba zide zayingqombela njengebala elibomvu, ziyakuba njengoboya.*

*Ukuba nithe navuma naphulaphula, nodla izinto ezilungileyo zelizwe:*

*Kodwa ukuba nithe anavuma naba neenkani, niyakudliwa likrele: kuba umlomo kaYEHova uthethile.*

<sup>51</sup> Uyazi, mva nje, sive kakhulu malunga neenkomfa, abantu behlangana. Yilonto uThixo athetha ngayo apha, inkomfa nabantu Bakhe. "Yizani, sibonisane." Yilonto ebe siyenza kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo. Kwaye okungako kwesizwe kunjalo, kunye nemiba yesizwe namhlanje, imiselwe kwiinkomfa.

<sup>52</sup> Apha kwixesha eligqithileyo, bendinokukhumbula ngokulula, kwaye abaninzi babantu banokukhumbula, iBig Four Conference. Baba nezine zezinkulu iinkokheli zehlabathi zahlangana, zabehlabathi elithanda uxolo, zaza zaba nenkomfa. Kwaye kulenkomfa zazama ukugqiba yintoni eyakubangcono ukuyenza.

<sup>53</sup> Kwaza emva koko saba neNkomfa iGeneva kungekudala, apho, eGeneva, abantu abathanda uxolo behlabathi bazihlanganisa, ukubuza malunga, kwaye babonisana omnye nomnye, malunga noxolo lwehlabathi. Oko kwakubizwa iNkomfa yeGeneva.

<sup>54</sup> Ngoko, ukuba andiphazami, baba ne—neNkomfa iParis, apha ngoku, kwixesha elithile eligqithileyo. Kwaye bonke bahlangana eParis, ukuxoxa iingxaki, nokuzama ukuzisa uxolo.



55 Kwaye ngoku othandekayo uMongameli wethu, uDwight Eisenhower, ukhenketha elikhululekileyo ihlabathi. Amaphepha agcwele kuko. Nonomathotholo, ngentetho kaMnu. Eisenhower kubantu behlabathi elikhululekileyo, inkomfa emva kwenkomfa, uzama uku—ukufikelela. Kwaye i... Bayaxela, emaphepheni, malunga nendlela yena—athi amnkeleke ngayo kwezona zininzi iindawo, nendlela abathi bacule ngayo ingoma yaseMerika, okanye baphakamisele iflegi phezulu, okanye baphakamise iflegi, gxebe, phezulu, xa esiza. Kwaye—kwaye abahlukileyo bamnika izipho, nanjalo njalo. Ngabantu bezizwe ezingabathandi boxolo.

56 Kwaye ndiyacinga sifanele sithandaze ngoMnu. Eisenhower, ngelixa bazama yonke imigudu yabo, ukuzama ukugcina eli lizwe apho sinokuba nemihlangano enjenga le, ukuba sikhululeke.

57 IMerika, kuso sonke isono sayo nayo yonke ingxaki yayo, iseyengcono ihlabathi elinayo. Ndiyayikholelwa lonto. Kwaye uThixo ayinceda ibenjalo, kwaye soloko nihlala niyila ndlela, kuba sinemiqathango ethandekayo. Yokuba, lo mhlaba mdala uhlanjwe egazini, ukugcina lemiqathango.

58 Ke ndicinga kufanele sithandaze, lonke ixesha, ukuba uThixo abe noMnu. Eisenhower, mdala kwaye impilo yakhe ayikho ntle kakhulu. Kwaye—kwaye indoda esimeni sayo ekuhlaleni, nasekwenzeni iintetho, kwaye izama okwayo okungcono. Nkqu nasekubeni ungavumelani nayo, kwezepolitiki, mthandazele ngoku. Sisizwe sakhosi esisengxakini.

59 Yintoni ezibanjelwa yona iinkomfa? Yintoni isizathu ngezi nkomfa? Kufanele kubekho isizathu, okanye bebengenakubanazo ezi nkomfa. Kufanele bafikelelele esigqibeni esithile koko bayakukwenza. Yilonto inkomfa engako, kukwenza isigqibo. Uluntu endaweni enye, nakwenye indawo, neengcinga ezahlukeneyo, nezinto ezincinci ziyavuka *apha*, nento ethile ngapha, nangasemva *apha*, ngoko kufanele bahlangane ukuze benze inkomfa, emva koko benze isigqibo ngoko bazakwenza malung anayo. Kwaye kungenxa yalonto babanayo.

60 Kwaye emva kwesigqibo, okanye inkomfa ibekiwe, kufanele babe nendawo ethile yokuba nale nkomfa. Kwaye ukuba uyaqaphela, okokuba, basoloko bezama ukufumana indawo entle. Ndakhe ndaseGeneva, apho iNkomfa yeGeneva yayikho, eParis, kwaye—kwaye iindawo ezahlukeneyo apho iinkomfa bezibanjelwe khona. Ndakhe ndabakwisakhiwo se-U.N. Kwaye, owu, sihle, ingakumbi eGeneva. Kwaye ngoko phaya, bona... Ndiyakholwa bazama ukukhetha ezi ndawo ukuze umtsalane... Kukho okuthile, okuthi, ukuba inoxolo kwaye—

kwaye inomtsalane, ikhangeleka isebenza emoyeni womntu. Ndiyakholwa oko yinyani.

<sup>61</sup> Amaxesha amaninzi, ngokwam, ukukhwela intaba, ndibukela ukutshona kwelanga okanye...kuyandimangalisa nje mna, kwaye kukhangeleka yonke iyantlukwano yam isusiwe. Indawo, indawo, indawo ekhethiweyo apho le nkomfa ifanele ibanjelwe khona. Kwaye emva koko kufanele kubekho izigqibo emazeniwe.

<sup>62</sup> Kwaye ke enye ingcabango endifuna uyifumane, yile, kwinkomfa, yeyokuba zange babe nankomfa ngaphandleni kukho isidingo esibalulekileyo. Kukwi—kwixesha elinzima, xa iinkomfa zibanjwa.

<sup>63</sup> Kwixesha lentlanganiso yeBig Four, yayiyinkomfa ngokuba laMfazwe yeHlabathi yesi II yayiphantse ukungalawuleki. Kwaye kwafanela bahlangane bahlanganise onke amacebo abo, kwaye bakhuphe okuthile; uMnu Churchill, noRoosevelt, nabanye. Bazama ukuhlanganisa imiqondo yabo, ukuyixuba, ukufumanisa oko kungcono, ngokuba yayilithuba elibalulekileyo. Yayilixesha xa lonke ihlabathi elikhululekileyo lalinokuqhushumbiswa. Kwaye uHitler, namhlanje, wayenokuba nguzwilakhe wehlabathi, ngoko besingayi kuba nawo lomhlangano namhlanje.

<sup>64</sup> Yilonto iinkomfa zibanjwa, kwaye i—kwaye isizathu bazibeka kwindawo ezikhethiweyo, ne—nesizathu sokuba kufanele babe nazo. Kwaye ukuba...Kwaye siyanyanzelwa kwinkomfa. Leyo yindlela abahlangana ngayo. Kwaye zona ibe ziinkomfa ezinkulu. Akukho ntandabuzo engcingeni yam, kwaye ixesha alisayi kundivumela, izwi lam, ukuqhubekeka nokutsho ngezinkulu ezingezinye iinkomfa ukuhla ngezigaba, endithe ndafunda malunga nazo, kwimihla kaFaro, nanjalo njalo. Kodwa, iinkomfa ezinkulu zale nkqubo yehlabathi ziye zabanjwa.

<sup>65</sup> Kwaye, ngoko, uThixo uye wabamba iinkomfa ezinkulu. Kuye kwabakho ixesha, kubutyebi obukhulu bukaThixo, apho kuye kwafuneka kubanjwe inkomfa. Kwaye eyokuqala endinokuyibiza, yalo mhlaba, yayisemyezweni we Eden. Xa, iiNgelosi zikaThixo zabuyela eKhaya, zintywizisa, zisithi, “Umntwana Wakho uwile. Wonile, kwaye wophule imithetho Yakho.” Okuthile kwafanela kwenziwe. Isidalwa sikaThixo siwile ukusuka elubabalweni, kwaye sinikelwe ekwahlukanisweni ngoNaphakade eBukhoni bukaThixo noMenzi waso.

<sup>66</sup> Yayilixesha elibalulekileyo, kuba uKumkani weZulu wayethe, “Mhla watya kuwo, ngaloo mhla uyakufa.” Kwaye wabeka ithemba Lakhe kunyana Wakhe, unyana Wakhe wayewaphule umthetho Wakhe. Kwafanela kubekho into ethile eyenziwayo. Yayiyindalo Yakhe. Yayingumsebenzi wezandla

Zakhe Buqu. Yayisisithandwa sentliziyo Yakhe, ikhozo leliso Lakhe. Into ethile kufanele yenziwe. Ke kwafuneka kubizwe inkomfa.

<sup>67</sup> UThixo wakhetha umthi othile emyezweni we Eden. Kwaye emva kokuba elahlele ezindala ezivuza igazi iimfele zegusha kwi...emva kwamatyholo. Wabiza u-Adam no-Eva, kwaye apho Wenza inkomfa, waxoxa waza Wenza icebo esenzela lento imbi kakhulu abathe abantwana Bakhe bayenza. Inkomfa kaThixo.

<sup>68</sup> Kwaye kwabakho isigqibo esenziwayo. Kwasoloko, kwinkomfa, kukho isigqibo. Kwaye uThixo wenza isigqibo. Esokuba, kuba ke u-Eva e...Xa Wambeka kwisihlalo sobungqina, ngokuba wathabatha ubomi wabususa ehlabathini, kuzakufanela azise ubomi ehlabathini. Kwaye ku Adam; nakwinyoka; kwaye, kakade, oko ekubeni kuyintloko yohlanga, lonke uhlanga phantsi kwayo lwawa no Adam.

<sup>69</sup> Ngoko ndingakhumbula engcingeni yam, enye inkomfa, yomprofeti obhacileyo owathi wababuthathaka ezigqibeni zakhe, kwaye wacinga umsebenzi wawumkhulu kakhulu. Kwaye wayebalekile wazitshatela umfazi, wabuyela entlango, kwaye wayelapho iminyaka emashumi mane. Umprofeti, othanjisiweyo nguThixo, enomyalelo omkhulu; ezalwe ehlabathini, engumprofeti. Kodwa, noko, kolona grogriso lwempazamo yakhe awathi wayenza, yokuthathela ezandleni zakhe endaweni yokulandela imiyalelo kaThixo, wabulala umntu. Kwaye kugrogriso naseyikweni lukaFaro, wabalekela entlango, kwaye nanko apho amashumi amane eminyaka.

<sup>70</sup> Kwaye amakhoboka aseYiphutha, umsebenzi wawumkhulu kakhulu, imihlana yabo yayiqaqamba kakhulu, iintliziyo zabo zazaphuke kakhulu, kwade ukukhala kwabo kwafika phambi koThixo, de Wanyenzelwa enkomfeni.

<sup>71</sup> Kukho indlela yokunyanzela inkomfa. Ungayenza ebomini bakho, amanqam.

<sup>72</sup> Imithwalo yabantu, nezililo, zazizikhulu, de uThixo wanyanzelwa ukuba abize inkomfa. Xa uThixo esenza isigqibo, kufanele sibe ngala ndlela. Ke wayesele enaso Yena, phambi kokusekwa kwehlabathi, wabeka indoda eNcwadini yoBomi beMvana, ngesizathu sokuhlangula bona abobantu. Yonke into yayisele icetyiwe kwangaphambili nguThixo. Igama lala ndoda yayinguMoses, umkhonzi Wakhe. Ke, phambi kokusekwa kwehlabathi, uMoses wonyulwa ukuba ahlangule abantu.

Kwaye uMoses wayemsilele uThixo.

<sup>73</sup> Oko kufanele ukusinika ingqiniseko nokukhalipha. Thina bamsileleyo uThixo, sisenamathemba. [UMzalwana uBranham uqhweba izandla zakhe kunye kanye—Mhl.] Siya silela kuYe, njengebandla. Siya silela kuYe, njengabantu. Kodwa masibizeni

inkomfa, siyixoxeni naYe, sibone Ayakusixelela kona, sibone isigqibo esiya kufikelela kuso.

<sup>74</sup> Kwaye indoda kaThixo yayisilele, kwaye uThixo kwafuneka abize inkomfa. Wayengenakusebenzisa namnye ongomnye. Wayekhetha uMoses. Ke wehla waya entlango, ndaweni ithile kumva wentlango, ngaseSinayi. Waza Wakhetha incopho yentaba, kunye netyholo, indawo ethile. Wacinga, “Ndiyakumzisa uMoses phezulu apha. Lena iyakuba yindawo elungileyo, kude kwizimvu zakhe, kude emfazini wakhe, kude ebantwaneni bakhe, kude ebantwini bonke. Kwaye Ndiyakubiza inkomfa kunye naye.”

<sup>75</sup> Phaya, xa Wathetha kumprofeti, bade bafika emxholweni. “Ndizivile izililo zabantu baM. Yilonto Ndikubizile, Moses. Ndizivile izililo zabantu baM ezantsi phaya, kwaye Ndikhumbule ukuba Ndenza isithembiso ekufanele Ndisigcine. Ngoku Ndithuma wena ezantsi phaya.”

<sup>76</sup> UMoses waba nawakhe—awakhe amazwi noThixo. Wayeyindoda. Wathi, “Kodwa ndingubani? A—andikwazi kuthetha.”

<sup>77</sup> Kwaye ngoko kule—kulenkomfa, wathi uThixo kuMoses, “Ngubani owenza umlomo womntu? Ngubani owenza umntu athethe? Ngubani owenze isithulu? Ngubani owenze isimumu?”

Kwaye uMoses wayesakhalaza. Wayefuna ukubona uzuko lukaThixo.

<sup>78</sup> Kwaye Wathi, “Moses, ukuba ufuna ukwazi Ndingubani Mna, NdinguThixo osebenza imimangaliso. Phosa intonga yakho phantsi emhlabeni.” Yaza yajika yaba yinyoka. Waza Wathi, “Faka isandla sakho esifubeni sakho.” Waza wasikhupha, kwaye saba liqhenkqe. Kwaye xa wasifakayo kwakhona aphinde asikhuphe, sasiphilisiwe. Wathi, “Uyazi Ndingubani Mna, Moses? NdinguThixo owenza imimangaliso. NdinguThixo ophilisa izigulo nokuxhwaleka. NdinguYehova uThixo.”

<sup>79</sup> Wathi uMoses, “Ndiyabona uzuko Lwakho. Enye ngaphezulu into endifuna ukuyazi, phambi kwale nkomfa ivalwe. Ngubani endiyakuthi kuFaro undithumile?”

Wathi, “Mxelele ukuba u ‘NDINGUYE’ ukuthumile.”

<sup>80</sup> Hayi “Ndandinguye,” okanye “Ndiyakuba nguye.” Kodwa, osoloko ekho, “Okwanguye izolo, namhlanje, naphakade.” “NDINGUYE,” *NDI* lixsha langoku, ngoku. Ithatha ixesha elizayo, elikhoyo, kunye—kunye nexesha eligqithileyo, “NDINGUYE.”

“NDINGUYE ukuthumile.”

<sup>81</sup> UMoses wafumana imiyalelo yakhe waza wehlela eYiphutha. Ephuma, ekhupha abantwana, nako kufika ixesha, ngoko, xa babexiniwe. Abantu, abantu abakhutshiweyo, abantu abohluliweyo kwabanye behlabathi! USirayeli

wayengabantu bakaThixo, oko eseYiphutha. Xa waphumayo eYiphutha, babelibandla likaThixo. Igama “abakhutshiweyo,” okanye ibandla, lithetha “abakhutshiweyo.” Ke babebizelwe ngaphandle baphume ehlabathini, kwaye balibandla.

<sup>82</sup> Yilonto ekuyiyo ngale ntsasa, abo bakhutshiweyo ehlabathini, nokuba banoluphi uphawu lwehlelo kubo. Ukuba bakhutshiwe, bohlulelwe kuThixo, kwaye bangamalungu eBandla Lakhe elikhulu.

<sup>83</sup> Ke aba bantu babezahlulile, ngokubingelela ngegazi lemvana, nokuqaba i—igazi, phezu komgubasi wecango. Kwaye oko kwakuqatywa ngehisopi.

<sup>84</sup> Khangela. Ndifuna uqwalasele okuthile apha. Ibetha kakhulu. UMoses wayalela ukuba bathathe ihisopi, baze bayithi nkxu egazini lemvana, bayiqabe phezu kwecango. Igazi, kakade, limele iGazi likaKristu. Ihisopu yayilukhula oluxhaphakileyo. Ungalufumana naphina, chola nje intwanana lokhula.

<sup>85</sup> Ibonisa ukuba iGazi liqabeka nje lula. Ukhula lumele ukhoho, nje ukhoho kuThixo. Akudingeki uye ndaweni ithile. Thabatha nje ukhoho lukaThixo uze uqabe iGazi entliziyweni yakho. Uthi, “Ndahluliwe ezintweni zehlabathi, ngokuba, ngokhoho, ndiqaba iGazi engxakini yam ngale ntsasa. Ndiyakuphiliswa, ngokuba ndiqaba iGazi phezu komgubasi wentliziyoyam. Andisayi kuvumela intandabuzo indibethe kwakhona, kuba ndiyakuzikhusele ngokubeka iGazi likaYesu, ngokhoho (ihisopi yam), phezu kwecango lam. Kwaye akukho tshaba liyakungena ngaphakathi. Andisayi kungalikholelwa iLizwi likaThixo kwakhona.” Yilondlela ilula kangako.

<sup>86</sup> Babekuhambo lwabo, emva kokuba behlukanisiwe, kwaye abantu ababiziweyo bakhutshwa. Kwaye beza kuLwandle oluBomvu. Kwaza kwafuneka bemise. Babengenakuwelela. Injengele enkulu, uYoshuwa, kwafuneka iphakamise isandla sayo ikhalise ixilongo, ukuba, “Yimani! Yekani ukuhamba! Kukho umqobo phambi kwethu. Sineentaba macala. Sisezantsi apha entlanjeni, kwaye kufanele sime.”

<sup>87</sup> Kwaye xa eBandla likhe lema, kuxa uSathana engenelela. Kufanele kuhanjwe, ngokuqhubekeka nangokukhawuleza, ukunyathelela ngaseZiyoni. Ungaze uyeke iBandla loThixo ophilayo libenetyala lokuma.

<sup>88</sup> Ke bema, bathi, “Yintoni ingxaki apha?” Kwaye kwamsinya besima begxumeka iintente zabo, baza baqalisa ukuphumla ithutyana, beva isandi samavili. Kwaye ukuphela kwendlela yokuzimela ababenayo kukuya ngasemva. Kwaye naku kusiza umkhosi kaFaro, usiza kubathintela, okanye ukubawelisa.

<sup>89</sup> Nina majoni, nibazi ubuchule, indlela ababavalela ngayo. Kwakukho uLwandle oluBomvu phambi kwabo, mhlawumbi ezimbini okanye ezintathu iimayile uliwela. Apha yayizintaba eziphakamileyo; babengenakuziqabela.

Babeyakuba njengezimvu, besasazeka khona phaya, ixhoba lakhe wonke umtoli. Kwaye emva kwabo, kuba bema, lweza utshaba.

<sup>90</sup> Kubonakalisa oku, zihlobo, nkqu nasekuhambeni namhlanje ukuya ngakuMhlaba wesithembiso, utshaba ngumtsi nje okanye emibini emva kwethu. Asinakuma kulemvuselelo. Olu ayinakuba lubizo lokuma. Qhubeka nje uhamba. Hamba. UnoBukho bukaMoya oyiNgcwele kuwe, ngoba busuku phambi kobugqithileyo, naphezolo. Ngoku ngokuqhubekeka yiya kuWo. Sukumisa, kuba utshaba lusondele lusemva kwakho.

<sup>91</sup> Kwaye kwamsinya kumisiwe, kwaye umkhosi kaFaro wabonwa, usiza mgama; u—ungqumo wamavili eenqwelo zokulwa, nothuli lubhabha, nokukhwaza kwamajoni. Elinjani ixesha! Yabenza abantu bangamazeza.

<sup>92</sup> Kodwa kwakukho omnye, phakathi kwabo, owayesazi ukuba akukho sizathu sokuphazamiseka. Wayekhe waneenkomfa ngaphambili. Wayesazi kwathabatha ntoni ukufumana uThixo. Ke phezulu, siyakutsho, phezulu endulini, kwilitye elithile, uMoses wazifihla kubo bonke abantwana bakaSirayeli, kwaye apho waba nenkomfa. “Nkosi, ndihambe ndazakutsho kulendawo, kodwa umqobo usimisile. Kuye kwafuneka simise.”

<sup>93</sup> Njengomzalwana wethu apha esitulweni samavili. Nje mhlawumbi uhleli phaya nomhlaza, okanye nengxaki yentliziyo, okanye okuthile othi wazi uzakufa nje kwangoko. Utshaba lukumisile. Lukufikise ekumeni. Mhlawumbi uyemisa phambi kokuba utshaba lukufumane. Mhlawumbi kukho into ethile ebomini bakho, ekubangela ume. Nokuba yintoni, usenenyweba yenkomfa. Masiyixoxe naYe. Masenze okuthile malunga nayo. Akukhathaliseki nokuba yintoni utshaba, alikhe libe likhulu kunoThixo wethu. Sidinga inkomfa.

<sup>94</sup> Ke uMoses wenyuka, emva kwendawo ethile, singatsho, waba nenkomfa noThixo. Wayengazi amakakwenze.

<sup>95</sup> Mhlawumbi awukwazi omawukwenze. Mhlawumbi ungumoni, kwaye wenze esingako isono. Mhlawumbi utshaye de waba awunakubasatshaya ngakumbi, kwaye ungenakuliyeka. Mhlawumbi usele de akwabi nakusela ngakumbi, kwaye akunakuyeka. Mhlawumbi ufike kwindawo apho ugcwele kakhulu sisono nenkanuko, de kufuneke ujonge kuye wonke umfazi ombonayo, ngokungalunganga. Okanye, mhlawumbi ude wagqwetheka kwinto nakwimithombo yakho yendalo. Mhlawumbi ufikelele kwisiqobo. Andikhathali kuphi apho ukhoyo, uThixo usalungele ukuza kuwe, kwinkomfa, aze ayixoxe kunye nawe. Mhlawumbi waphule ikhaya lakho. Mhlawumbi ushiye umyeni wakho, okanye ushiye umfazi wakho. Mhlawumbi ubalekile kubantwana bakho. Kusenokubakho izinto ezininzi kobu bomi, elithe utshaba lakubambisa kuzo, kodwa, khumbula, mzalwana wam, dade, usenelungelo lokuba nenkomfa noThixo.

Ewe, mhlekazi. Yixoxe naYe. “Uzoloko eluncedo ngexesha lembandezelo.”

<sup>96</sup> Ngoko siyabona ukuba uMoses waba nenkomfa. Kwaye mhlawumbi lena yayiyinkomfa, “Owu Nkokheli enkulu kaSirayeli, ndikwenzile konke oku ekuyaleleni Kwakho. Ndikwenzile. Ndibakhokele ababantu njengoko undixelele Wena ukuba ndikwenze. Ndibagqumile abantu ngegazi. Ndizihlisile izibetho zisuka ezulwini. Ndenze yonke into ondixelele yona Wena ukuba ndiyenze. Kwaye naku silapha, sibanjisiwe. Ndenze ntoni, Nkosi? Kufanele ndibe nayo lenkomfa naWe.” Kwaye mhlawumbi ehleli phezu kwelitye, okanye emi kufuphi, ngakwimfanta yelitye, apho uMoses wayethandaza khona kwethile, indawo ekhethiweyo, kwelixesha libalulekileyo.

<sup>97</sup> Okuthile kwakufuneka kwenziwe, okanye bayakutyunyuzwa ngaphantsi kwamavili eenqwelo zokulwa. Bayakutshovwa, wonke umntwana omncinci womHebhere. Zonke kuzo iintsana ezincinci ngezatyunyuzwayo, iintloko zazo elityeni. Kwaye noomama bazo ngebaqangqululwayo, khona phaya, badlavuzwa. Kunye nooyise babo—babo ngebabulawayo. Khona phaya yayilixesha elibalulekileyo.

<sup>98</sup> Kungabakho ela hlobo lunye lwexesha elibalulekileyo, mhlawumbi nje hayi ngala ndlela, kodwa mhlawumbi umhlaza ungenile. Mhlawumbi esinye isifo. Mhlawumbi isono sikubambile. Kwaye sizakutyumzela kanye ezantsi kwisihogo somtyholi, ukwahlukaniswa kuThixo. Bamba inkomfa, msinya.

<sup>99</sup> Kwaye xa le nkomfa yabanjwayo, uThixo wema elityeni, ngakwicala likaMoses. Waza Wathi, “Buyela ezantsi eminqubeni, Moses. Buyela kanye emva apho uqale khona. NdinguThixo. Yehlala ezantsi phaya uthethe ebantwini, ukuba baye phambili. Ndiyakwenza indlela xa kufika ixesha lokwenza indlela. NdinguThixo ongumenzi-ndlela.”

<sup>100</sup> UMoses, emva kokuba inkomfa iphelile, kwaye endululwe eBukhloneni bukaThixo, nomyalelelo wokuya phambili, wehla waze wathi, “Musani ukoyika, Sirayeli. Yimani nithi tu, ngalo mhla, nize nibone aMandla kaThixo wethu. Yiyani ngaselwandle. Sanukusuka emyalelweni. Umyalelo ngowokuba, ‘Yiya phambili!’ Umhlaba wesithembiso ngowethu. Olu tshaba lusendleleni yethu, luyasingamlela. Kodwa uThixo uthe, ‘Yiyani phambili!’ Qhubekani nihamba.”

<sup>101</sup> Yilonto eyingxaki nebandla namhlanje. UThixo uyakubiza, kwaye Ufuna ukuninika isipho emva kwesipho, namandla emva kwamandla, nobabalo emva kobabalo. Kodwa nizenza ihlelo, ngoko, “Andinakuhambela phambili, ngokuba ibandla aliyikundivumela.” Yabona? Akukho ndawo yakumisa kuThixo, akukho ndawo yahlelo. Akukho ndawo yamanqanaba athile. Into yayo, kukuya phambili. Thetha iLizwi likaThixo uze uye

phambili. Qhubeka nje uhamba. Qhubeka uhamba. UThixo uthi ilungile, ilungile. Uwufumene umyalelo wakho.

<sup>102</sup> Ukuba bathi, “Kulungile, ndiye ebandleni lam, kwaye bandixelele ukuba bekufanele andiyanga phezulu kulamnquba. Ndebhidekile ndonke ngoku, malunga nokuba kufanele ndibe naye uMoya oyiNgewele, okanye hayi.”

<sup>103</sup> Idinga lelakho. “Likuwe, nakubantwana bakho, nakubo bonke abakude, nakwabaninzi eyakuthi iNkosi uThixo wethu ibabize.”

<sup>104</sup> Intoni? Thetha iLizwi likaThixo. UThixo watsho njalo. Yiya phambili. Jonga utshaba lusasazeka. Jonga uLwandle oluBomvu luvuleka. Yiba nenkomfa. Yiya phambili. Ngokuqinisekileyo, luyakuvuleka. UThixo yindlela yokuqhwesha. Wenza indlela, kanye ngqo ukuya kumhlaba wesithembiso. Yonke into eyangena endleleni Yakhe, Wayishenxisa endleni. Ukuba nantoni ingena endleleni yakho, ngoku yiba nenkomfa noThixo. Yixoxe naYe, uze uqhubeke.

<sup>105</sup> Yilonto uThixo ayitshoyo ku Isaya apha. “Owu, nizele zizono. Izone zenu zingathi zingqombela. Kutheni ningezi sibonisane? Kutheni ningezi niyixoxe naM? Ubabalo lwam lwanele.”

Inkomfa yoLwandle oluBomvu.

<sup>106</sup> Kwiminyaka emininzi eyagqithayo kwakukho enye inkomfa, ndingathanda ukuthetha ngayo nje ithutyana. Yayilixesha le Yuletide esingena kulo ngoku, nokuba kuyakubakho iKrisimesi, okanye hayi. Kodwa kwakukho inkomfa eyenziwayo eZulwini, eyokuba liyakuba yintoni elicebo lentlangulo. Kwaye yagqitywa nguThixo, okokuba Uyakuba nguMntu, kwaye Uyakuhla aze Athabathele kuYe isiqalekiso Sakhe. Bekungayi kulunga kuYe ukuba athumele iNgelosi. Ibingayi kulunga kuYe ukuba athumele namphi omnye umntu. Nokuba Ebenenkwenkwe, ibingayi kulunga kuYe ukuthumela inkwenkwe Yakhe.

<sup>107</sup> Ibingayi kulunga kum ukwenza uJoseph ave ubunzima ngezinto zomgwebo wam. Bendingayi kuba lilungisa, ngokwenza lonto. Ukuba ndigqithise umgwebo wam, ndifuna ukuwuhlangula, kuphela kwento endinokuyenza kukuva ubunzima ngenxa yawo, ngokwam.

Elo luphawu. Eso sisithonga sokufa kuSathana.

<sup>108</sup> Ngoku, mzalwana wam womKatolika, kwaye kananjalo abaninzi bamaProtestanti am, andinivisi kabuhlungu. Kodwa xa nizama ukumenza uYesu abe nguThixo omncikane kunoThixo, nimenza Yena uThixo omncinci, ninqumla iinyawo Zakhe, nimhlise yena nje intwanana encinci phantsi kwentloko kaThixo nize nimenze Yena uThixo omncinci. Anilunganga kakhulu.

<sup>109</sup> UYesu wayenguMntu. Wazibiza Yena uNyana womntu. Eso yayisithonga sokufa kumtyholi.



<sup>110</sup> Umtyholi uphakamile, wazakhela ubukumkani obuhle ngaphezulu kunobukaMikhayeli. UKayin, unyana wakhe, wafuna ukwenza esihle isibingelelo, konke okuphuma eziqhameni nezinto. UThixo akahlali kolwahlobo lobuhle.

<sup>111</sup> Kodwa, uThixo, ukuntlitha isithonga sokufa kwisono, jonga indlela Weza ngayo. Wakhetha ukuza njani? Kwakukho inkomfa eZulwini. “Uzakwehla njani Wena? Uzakuyenza njani, Bawo,” zatsho iiNgelosi.

<sup>112</sup> “Ndizakuba ngomnye wabo. Umthetho wam wokuhlangula, ngowokuba, ‘Osondeleyo ngokuzalana.’ Kwaye kuyakufuneka Ndibe nguMntu, Ngokwam.” Oko kukuntlitha okwawisa uSathana. Wazalwa! Wayenokuhla eze neeKherubhi. Wayenokuza ehle ngeeleli zegolide. Kwakunokubakho imihobe eculwani iphuma emazulwini, kwaye Wayenokuhamba eze emhlabeni, aze agxotho yonke into. Kodwa xa Wabamba inkomfa, Wagqiba ukuza njengoSana.

<sup>113</sup> Ku Isaya 9:6, siyayifumana. “Sizalelwe uMntwana, sinikwe uNyana; kwaye ukuthethela kuyakuba sesixhantini Sakhe; neGama Lakhe liyakubizwa uMcebisi, iNkosana yoXolo, UThixo onamandla, UBawo wanaphakade. Kwaye kulawulo Lwakhe akusayi kubakho siphelo.”

“Lona iyakuba ngumqondiso kuni, uSana,” hayi uThixo, “uSana.”

<sup>114</sup> Jonga apho Wazalelwa khona. Kwafuneka igqitywe, enkomfeni, apho ayakuzalelwa khona Yena, ukuqinisekisa ukuba Uyakuba nguMntu. Wazalelwa esitalini. Wakhetha, endaweni yo—yomkhuseli webhotwe lenkcochoyi aMzise, endaweni yokhapho lweNgelosi, endaweni yokuqhubeka kweeKherubhi, kunye no—nobuqheleqhele beZulu, Wazinyanzela Yena, wazifaka Yena esitalini, emgqubeni wezilwanyana, ubumdaka nobunyukunyuku behlabathi. WayenguMntu. Wayengongekho ngaphantsi uThixo. WayenguMntu. Ezelwe njengathi, ngembutyulelo yozalo, ephuma esibelekweni somfazi. Hayi uThixo; uMntu! Wayengeyonto, kwaye, akumangalisi, owona mqondiso mkhulu.

<sup>115</sup> Uyabona emihlanganweni, umqondiso wocalulo, uBukho boThixo ophilayo. Uyayibona imiqondiso ndaweni zonke, Yakhe. Kodwa mandikutsho oku kuwe, mzalwana wam, dade wethu. Zange kwabakho mqondiso, obetha kakhulu, njengomqondiso ezathi iiNgelosi zawuxelela umalusi, “Niyakumfumana Yena esitalini, ebhijelwe ngamabhayi azizisongelwa.” Ningabona akuko uThixo. Yilonto. Iyandothusa, namhlanje.

<sup>116</sup> Kutheni imvuselelo ingeza edolophini, yomkhulu oqaphelekayo umvangeli, kwaye abakhulu oophezulu-naphezulu baye, usodolophu wesixeko, nabo bonke oophezulu-naphezulu, okanye abanxiba kakuhle, kwaye amahlwempu

anjengajongelwa phantsi? Uze uthethe ngomlungiseleli othile onemfundo ethile enkulu, onokuthetha awona magama ayondelelanayo asuke nje anyumbaze ingqiqo yakho, ngamagama amakhulu anokuthi amahlwempu angawaqondi, nize nonke nikubize okuya kokukhulu.

117 Aniboni na ukuba uThixo usekuthobekeni? “Lona iyakuba ngumqondiso. USana luyakubhijelwa kwibhayi lokusongela, lulaliswe emkhumbini, phezu komgquba weenkomo neegusha.” Owu, bethu! Lowo ngumqondiso. “Lona iyakuba ngumqondiso kuni. Niyakulufumana uSana phaya.”

118 Amaxesha amaninzi, abantu bacinga, “Komncinci, omdala odlakadlaka umnquba, abanye abashumayeli ekunzima nokwazi oABC babo, izihange nonoshibhini, nayo yonke into engenye, beguqukile, bengenamfundo, kwaye besebenzisa olwasemazantsi uhlobo lokuthetha lwabo njengo yakhe, ‘hain’t,’ no ‘phatha,’ no ‘tote,’ no ‘zisa,’ akusokuze ufumane Thixo phaya.”

119 Kodwa kulapho uMfumana khona, esongelwe eziqhiyeni, ukuthobeka. Ucinga iza ngendlela ethile enkulu. Ukuba ufuna ukuba neyakho yenene inkomfa noThixo, fumana iqela labantu elinjengeliya, uze uyixoxe. Ungawubona umsebenzi kaThixo, indlela Angazange athathe mxhonxi othile, elithile elikhulu ichule nento ethile, alinike echubekileyo intetho. Kodwa Wathatha into ethile eyayingeyonto, wehla njengoko Wenzayo kwityeli lokuqala.

120 Othile wathi, kungekudala kakhulu, “Ukuba olucalulo nalempiliso, nanjalo njalo, yayisuka kuThixo, uluhlu lobuKatolika beliyakuba nayo.”

121 Kutheni uluhlu lobuYuda lingazange lube nayo? Zange izalelwe ebhotweni. Yazalelwa esitalini. Zange abe nezithungiwewo iimpahla zokunxiba, kodwa imirhaji esuka kumva wedyokhwe yeenkabi. Elele phezu kwemfumba yomgquba; uNyana kaThixo, umnquba apho uThixo wahlala khona. Yilondlela Awagqiba ukuza ngayo. Kwaye kufanele sibe nonokhola ezigqwethiwewo kunye nezinemisila iidyasi, nezinkulu, ezintle iicawa nezenkcochoyi zegolide. “Lona iyakuba ngumqondiso. NiyakuMfumana kumabhayi okusongela, ebhijelwe eziqhiyeni, elaliswe emkhumbini. Nanko umqondiso kuwe.”

122 UThixo uhlala entobekweni. Hayi kubuyokoyoko; obo busoloko buyimbono yomtyholi. UThixo uza kwintobeko. “Lowo iyakuba ngumqondiso.” Hayi uThixo ongaphantsi, kodwa uMntu. UMntu! Wakhala njengosana, xa WayeluSana. Wayedlala ezitratweni, njengenkwenkwe, xa Yena wayeyiNkwenkwe. Wasebenza kwivenkile yobuchweli noYosefu, njengoMntu emsebenzini. Watya xa Wayelambile. Wabila xa Wayeshushu. Walila xa Wayekhathazekile. WayenguMntu.

123 “Lona iyakuba ngumqondiso kuwe. UThixo uyakuhlala nawe, kothobekileyo. . .” Hayi omkhulu, enkulu eziqenyayo indoda, kodwa omncinci, othobekileyo uMntu engenamvelaphi. Umqondiso! Eso sisithonga sokufa kumtyholi, kanye phaya. Eso sisithonga sokufa kulo lonke ihlelo nobuyokoyoko, nabo bonke ubuyokoyoko nozuko lwelihlabathi. Sisithonga sokufa, sokuba uThixo weZulu akhethe ukuza ngala ndlela.

124 Yilonto eyenzekayo kwinkomfa. Kwafuneka igqitywe. Yilondlela Wakhetha ukuza ngayo. Kwakungeyomfuneko ukuba Eze ngala ndlela. WayenguThixo weZulu, kodwa Wakhetha ukuza njengoSana. Wakhetha ukuza ngala ndlela. Yilonto eyenzekayo kwinkomfa eZulwini.

125 Mandibize nje enye, okanye ezimbini, iinkomfa. Mandibize lena. Kwakukho ixesha. . .emva kokuba ubomi obugqibeleleyo bamashumi amathathu anesithathu nesiqingatha seminyaka ephiliweyo. INdoda eyafuna ukuphila kangangoko njengokuba nam ndifuna ukuphila, kangangoko nawe ufuna ukuphila. INdoda Eyayinento ephilela yona, abazalwana Eyayibathanda, abantu Eyayibathanda, ukutshona kwelanga Eyayikuthanda ukubona. Khumbula, uYesu waye enguMntu. UThixo wayekuYe.

126 Naku kufika ixesha, apho uMoya owawukhokela iMvana, iHobe.

127 Kwafuneka kubekho inkomfa phakathi kweMvana kunye neHobe. Kwaye zenza indawo yokuyihlala. Emva kwesidlo sangokuhlwa ngobabusuku, bawelela ngaphaya komfula omncinci, iCherith, kwaye, okanye ndaweni ithile. Baze bawelela ngaphaya komfula, baza baya kwisitiya saseGetsemane. Kwafuneka babe nenkomfa. UThixo noKristu kwafuneka bayixoxe. IMvana neHobe kwafuneka zihlale kunye. YayiliHobe ekwafuneka lithethe kwiMvana, kwaye yayikukufa kweMvana.

128 Ngoku, xa bahlalayo ngakwela litye, kwaye zonke iiNgelosi zehla zisuka eZulwini, ukuza kuphulaphula kule nkomfa. Owu! Kwakukho uGabriyeli, uMikhayeli, uWoodworm, onke amawaka azo, zihleli ecaleni kwelitye.

129 Wathi kubafundi Bakhe, bediniwe, babenezininzi ezinkulu iintlanganiso, bediniwe, mhlawumbi ngokufana nendlela eniyyo ngale ntsasa. Kodwa Wathi, “Ningalinda nje kunye naM iyure? Kuba kufanele ndiwelele ngaphaya ndibe nenkomfa. Kufuneka ndihambe ndedwa.” Kwaye xa ba . . .

130 Inkomfa yenziwa. Yaza iMvana, esentsha, ubomi obuhle, zange kubekho bomi bunjeya. Zange bubekho, abusokuze bubekho, ubomi obunje ngobo iMvana yayinabo. Kodwa ngoku uBawo wathi, “Uyafuna Wena? Ingaba uthado Lwakho ngabazalwana lukhulu ngokwaneleyo? Ingaba uthando Lwakho ngeliya lizele-isono, linukayo ihlabathi owathi Wena wazalelwa kulo, ingaba Uyabathanda ngokwaneleyo ukuba uncame ubomi

Bakho? Ingaba ubathanda ngokwaneleyo ukuba uthabathe indawo yabo, uthwale izono zabo, kobona bunzima, ukufa okubalulekileyo?” Wena . . . Akunakubakho nto ifa olwahlobo lokufa kuphela nguYe.

<sup>131</sup> Kwaye kula nkomfa, esinjalo isigqibo senziwa, de iGazi lehla ngesibunzi Sakhe. Wayephantsi koxinzelelo. Izono zehlabathi zaziphezu Kwakhe. Kwaze emva koko Wajonga ebusweni beHobe, wathi, “Hayi intando yaM, kodwa intando Yakho.”

<sup>132</sup> Owu, singabanaso esa sigqibo ezintliziyweni zethu ngale ntsasa? Ungabuncama obuya buncinci, bunyhukunyhuku ubomi bakho? Ingaba uyafuna ukujonga ebusweni Bakhe uthi, “Hayi intando yam?” “Ndilinxila, kodwa andisayi kusela kwakhona. Ndingumngcakazi; andiyi kusela kwakhona. Ndiziphethe kakubi, kodwa andiyi kuba ngala ndlela kwakhona. Ndilixoki, kodwa ndiyakuyeka namhlanje. Ndingumntu okrwada. Kodwa kulenkofa, ngale ntsasa, ndiyakujonga ebusweni Bakho, ndithabathe, njengoMfundisi wam Owandifelayo, ukundivulela indlela, ‘Hayi intando yam; intando Yakho.’ Ukuba indiphulukisana nendlu yam. Ukuba indiphulukisana nomyeni wam, umfazi wam, utata wam, umama wam, ubudlelwana bam, ubulungu becawa yam, nantoni endiphulukisana nayo. Kule nkomfa, ngale ntsasa, ndithi ndifuna oWakho uMoya oyiNgcwele uhlale kum. Ndivile malunga naWo. Ndifuna Wena kum. Hayi okwam, kodwa oKwakho. Eso sisigqibo sam.” UThixo ubize indawo, hayi phezu kokuphakamileyo, indawo ethile eyinkcochoyi, kodwa othobekileyo omncinci umquba omalunga nokuwela kuwo. Sinenkomfa.

<sup>133</sup> Mandithethe ngenye ngaphezulu inkomfa apha, nje umzuzu. Abaninzi bangafundiswa kuyo. Kwakukho inkomfa eva kokufa Kwakhe, umngewabo, novuko. Okuthile kwakufuneka kwenziwe. Babengamadoda anokuqulunga kobukrelekrele, ke kwakukho enye inkomfa enkulu ehleliweyo. Siyayazi, eBhayibhileni, njengePentekoste.

<sup>134</sup> Kwafuneka babe nenkomfa. Kwaye okuthile kwafuneka kwenziwe, kuba uYesu wathi, “Sanukuphinda nishumaye. Sanukuphinda nicule. Sanukuphinda niphume niye kushumayela kwakhona. Kodwa ndifuna inkomfa kunye nani. Kwaye kule nkomfa, ndizakuzisa uMoya oyiNgcwele. Kodwa nyukelani esixekweni saseYerusalem, kwaye phaya nilinde ndide ndibuye. Kufuneka ndinyukele eZulwini, ndibenze bavuye. Kwaye kufuneka ndiye e—eTroneni yobuKhulu,” umzimba, uYesu, “kodwa ndiza . . . Sizakuba nenkomfa phezulu Phaya. Kwaye uThixo ohlala kuM uthembisile ukuba ndingabuyela ndize kwakhona, kwaye Ndiyakuba kuni; nani, kuni, nasekupheliweni, ihlabathi. Kude kugqibekke konke, Ndiyakuba nani. Kwaye imisebenzi endiyenzayo niyakuyenza nani.”

135 Ke babengazi indlela ababenokuyenza ngayo lento, ke baya ePentekoste, kwaye ikhulu namashumi amabini aya kwigumbi eliphezulu baze bavala icango, kwaye balinda baze balinda.

136 Ingxaki nathi, ukuba asifumani—ithuba noThixo malunga nemizuzu elishumi, sidiniwe, amadolo ethu abuhlungu. Sifuna ukumka. Ukuba Akasiphenduli nje ngohlobo esifuna ngalo, ngendlela esicinga ngayo, siyacaphuka kuYe. “Owu, yizani, masibonisane.”

137 “Nyukelani ePentekoste. Ndifuna ukubonisana nani. Nje nyukelani phaya nilinde.”

138 Iintsuku ezilishumi, babehleli, bemile, bethandaza, yonke into, belindele idinga. “Kwaze ngesiquphe, iziphumo zenkomfa eZulwini zehla, uMoya oyiNgcwele, njengesandi sokuvuthuza komoya omkhulu, kwaye Wazalisa indlu yonke apho babehleli khona. Bazaliswa nguMoya oyiNgcwele.” Baza baqhubeka, beshumayela iLizwi.

139 Xa sineenkomfa zehlabathi, basoloko benendawo yabo ekhethiweyo. Kwaye yintoni abayenzayo kule nkomfa? Bayasela iziselo, nomxube weziselo. Batshaya iisiga nemidiza. Baxoke omnye komnye, kwaye bakhohlise omnye nomnye, kunye neentetho zoxolo zehlabathi.

140 Kodwa xa uThixo ebiza inkomfa, luzilo, ucoco, umthandazo, ukwamkela imiyalelo, nokubheka phambili. Leyo yinkomfa kaThixo. Hayi ukudla, kodwa ukuzila. Hayi ukuzinkcinkca kubunyhukunyhuku, kodwa ukuzahlula, ukuzicoca kuko konke ukungalungisi, xa usiya phambi koThixo. Ukuzicoca ngokholo, ngokusebenzisa ihisopu eGazini nokucoca intliziyo yakho, nokuhamba phambi koThixo, ukwenzela inkomfa. Olo luhlobo lweenkomfa xa uhlangana noThixo, aze uThixo akunike imiyalelo. Uze emva koko ubheke phambili, Uhamba nawe.

141 Kukho ezininzi ezinkulu iinkomfa esinokucinga ngazo. Kodwa ixesha aliya kusivumela. Kube kukho inkomfa mva nje.

142 Kwakukho inkomfa ngemihla kaMartin Luther, kuhlaziyo. UThixo wabiza uMartin Luther, ukuba aye kushumayela ugwetyelo, kwaye wakwenza.

143 Kwakukho inkomfa eyabanjwayo emihleni kaWesley, eNgilane, ukuba ashumayeke ungcwaliseko, kwaye njengoko uWesley engqina.

144 Ndanxiba idyasi yakhe, eyokugqibela idyasi awayenayo, isambatho. Ndema epulpitini yakhe apho washumayela kumakhulu alishumi elinesihlanu ngayo yonke intsasa ngentsimbi yesihlanu. Ndaguqa egumbini ndaze ndabulela uThixo ngobomi bakhe, kwa elo gumbi awafela kulo. Khona phaya, uMoya uphezu kwam, ndacinga, “Ewe, uWesley wayenyanisekile.”

145 IiNgelosi zikaThixo ezingcwele, noThixo, baba nenkomfa, yokuba kwakulixesha lokushumayela ungcwaliseko, kwaye bakhetha uWesley. Kwaye wayenyanisekile kulo.

146 Emva koko kweza ubuPentekoste. Yayilixesha lobuyiselo lwePentekoste. Kwakukho inkomfa eyabanjwayo eZulwini. “Ingaba lixesha lokugalela okugcweleyo koMoya?” Kwaye Wawa, baza baWushumayela. Kwaye siWufumane, kwaye samkela uMoya oyiNgcwele.

147 Ngoku ndiyakholwa ukuba sikwenye inkomfa, leyo yile, uKuza koNyana kaThixo. Wathi kubafundi Bakhe, “Andiwazi umzuzu okanye iyure; akukho namnye waziyo, kwaneNgelosi azazi. Kodwa kuyakubakho inkomfa ngenye imini,” ngenye indlela, “kwaye uBawo uyakugqiba ngalo elothuba lokuba ndibuye.” Ndiyakholwa la nkomfa iyaqhubeka. Izigqibo ziyenziwa.

148 UMoya Wakhe uza emhlabeni, ngamandla, de ube Uyakuma ebandleni, acalule iingcinga zengqiqo. Njengoko iBhayibhile itshilo, “ILizwi likaThixo libukhali, linamandla kakhulu kunekrele elintlangothi-mbini, lihlaba lahlule kumongo wethambo, kwaye Umcalui weengcingane zentliziyo.”

149 Xa uFilipu weza xa waguqulwayo, waza wahamba wafumana uNathaniyeli. Kwaye uNathaniyeli weziswa, umYuda, phezulu phambi koYesu. Kwaye wayemxelela malunga naYe, esithi, “Kuhle, Nathaniyeli, kutheni, kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo, omdala ongazinto umlobi weza kuYe, kwaye Wamazi. Wabiza igama lakhe, waMxelela wayengubani. Anazi, laa Mesiya umprofeti wethu wathi uyakuza, aniqondi ukuba laa Mesiya kwakufuneka abe ngumprofeti, uMprofeti-Thixo? Nanko enguYe. NguYe.”

150 Inokuba wathi uNathaniyeli, “Andikukholelwa oko. Ndiyakuya ndizibonele ngokwam.” Kodwa xa waya eBukhoneni bukaYesu, uYesu wathi, “Nanko umSirayeli ekungekho nkohliso kuye.”

151 Kwaye xa Wakwenzayo oko, wathi, “Undazi nini na Wena, Rabhi?”

152 Wathi, “Phambi kokuba uFiliphu akubize, xa wawuphantsi komthi, ndakubona.”

Wathi, “UnguNyana kaThixo. Ungukumkani kaSirayeli.”

153 Xa, umfazi waseSafari, enamadoda amahlanu, weza kuYe. Waza wathi... Xa waqalisayo ukukha amanzi akhe, wabona lomYuda, ehleli. Wathi, “Ndiphathele isiselo.”

154 Yabona, Wayenxanwa, njengoMntu. WayenguMntu. Emzimbeni Wakhe, WayenguMntu. Emoyeni, WayenguThixo. “UThixo wahlala kuKristu, elixolelanisela kuYe ihlabathi.”

Wathi, “Ndiphathele isiselo.”

155 Wathi, “Kutheni, ayikho sesikweni.” Amanye amazwi, “Sineyantlukwano. Akufanelanga undicele mna oko.”

Wathi, “Kodwa ukuba ubusazi Ngubani lo ubuthetha naye.”

156 Owu, ndiyamangala, ngale ntsasa, ukuba siyayazi na yintoni ekweli gumbi. Ukuba nje besisazi ukuba uMoya oyiNgcwele, Ngokwakhe, yena Lowo uyakusingqinela okanye asichase, kwiMini yoMgwebo, ulapha kanye egumbini, kwaye esazi iingcinga zethu.

157 “Ukuba nje ubusazi Ngubani othetha nawe, ubuyakucela Mna isiselo.”

Wathi, “Iqula linzulu.”

158 Waqhubeka ethetha naye de Wabambisa umoya wakhe. Waza Wathi, “Hamba uyekubiza umyeni wakho nize apha.”

Wathi, “Andinayo.”

159 Wathi, “Utsho kakuhle. Ubunamahlanu, kwaye le uhlala nayo ngoku asingomyeni wakho.”

160 Wathi, “Mhlekezi, ndiyaqonda ukuba Ungumprofeti. Ngoku siyazi, xa uMesiya efika, Uyakwenza ezi zinto. Kodwa Ungubani na Wena?”

161 Wathi uYesu, “NdinguYe.” Owu, bethu! “NdinguYe, lo uthetha nawe.” UMntu nje, ecela isiselo, hayi ubuyokoyoko bento obukhulu obuphuma eZulwini. Hayi iTrone eMhlophe ehleli phaya, kodwa uMntu [UMzalwana uBranham unkqonkqoza phezu kwepulpiti amatyeli amane—Mhl.] ecela isiselo samanzi, ukuphelisa unxano Lwakhe! “NdinguLowo uthetha nawe.”

162 Kwaye wabalekela esixekweni wathi, “Yizani, nibone uMntu Ondixelele izinto endakhe ndazenza. Ingaba lowo asingomqondiso na kaMesiya? Ingaba asinguYe?”

163 Lowa ukwamnye Mnye uprofetiwe, kunye nabaprofeti emva kwiTestamente Endala. Kwathiwa, “Iyakuba ngumhla apho xa bona bayakujoyina nje icawa, baze baye ecaweni babe ngabantu abahle abalungileyo. Bayakuba nemibutho nezinto. Kwaye iyakuba yemfiliba imini, ingekho mnyama kungekho kuKhanya. Kodwa ngexa langokuhlwa, kuyakubakho ukuKhanya.” Zona ezoziprofeto kumele zizaliseke.

164 Niyakhumbula, phezolo, inkomfa yethu eZulwini? UThixo wayezise zonke iiNgelosi, ukujikeleza, ukubamba inkomfa, ngubani Yena onokumenza ilizwi lomprofeti lenzeke, wazisa u-Eliya ngaphandle...okanye ndithetha u-Ahabhi phandle phaya, ukuba ambulale.

165 Ngoku kukho inkomfa eqhubekakayo eZulwini. IZikhanyiso zangokuhlwa zilapha. Iibhombi ze-atomic nezinto ziyajinga ndaweni yonke, kwaye sisekupheleni kwexesha. Iinkomfa zehlabathi zifikele esiphelweni. Ixesha lenkomfa kaThixo liyeza. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini amatyeli

amane—Mhl.] La mazwi kumele azalisekiswe eziNtlangeni. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza amatyeli asibhozo.] “Imisebenzi endiyenzayo niyakuyenza nani.” Ixesha lilapha. Inkomfa ibe ibanjiwe. UMoya ulapha.

<sup>166</sup> Ngoku, sihlobo, ekuvaleni, nditsho oku. Ukwinkomfa, ngale ntsasa. Ukuyo. Kwaye ingxaki yakho ilungele ukungxengxazelwa. Ingxaki yakho—yakho yokugula ilungele ukungxengxazelwa phambi koThixo ozele-inceba. Ingxaki yakho yesono ilungele ukungxengxazelwa phambi kwenceba kaThixo, kwaye qiniseka ukuba uyayamkela.

<sup>167</sup> Kuba, mandinixelele, ndizakuthetha ngenkomfa yokugqibela eyakuze ibanjiwe. UThixo makabe nenceba. Inye kuphela into eyakuma Phaya: uxolelanisiwe. Lowo nguMgwebo. Kwaye kuphela kwento oyakuxolelaniswa ngayo, kuxa uthe wamkela igazi likaYesu Kristu, njengokuxolelwa kwakho, waze wazaliswa nguMoya Wakhe. Kukho inkomfa apho yonke indoda iyakuhlangana, wonke umfazi ayakuhlangana, wonke umntwana ayakuhlangana. Kukho indawo ekhethiweyo apho laa nkomfa iyakubanjelwa khona, kwaye kuya kubakho omkhulu uMgwebo weTrone eMhlophe. UThixo uvumele abaprofeti Bakhe bajonge kuwo, baze bathi, “Zavulwa iiNcwadi, kwaye nenye iNcwadi, leyo iyiNcwadi yoBomi. Amawaka alishumi aphindwe ngawaka alishumi abalungiseleli neeNgelosi zilungiselela kuYe.”

<sup>168</sup> Emva koko, kwakubhaliwe, “Ukuba kungenkankulu ukuba ilungisa lisindiswe, kuyakubekelaphi kumoni nongendawo?”

<sup>169</sup> Uyakuma entwenini kula nkomfa? Ungaba uzitsibe zonke kuzo, ukuhla ngobomi bakho. Ungahamba uphume ngalo mnyango, ngale ntsasa, uyitsibe lena. Kodwa, mhlobo wam, akusokuze uyitsibe leya. Uzakuba Phaya. “Kuba kwabalelwa kanye emntwini ukuthi afe, kodwa emva koko uMgwebo.” Kuyakubakho inkomfa enkulu apho sonke siyakuma kunye. Kwaye siyakunika ingxelo ngale ntsasa, ngale nkomfa yasemhlabeni esithe sanayo ngale ntsasa.

<sup>170</sup> Ukuba ungumoni, yamkela inceba Yakhe ngelixa sithandaza, njengoko niqubuda iintloko zenu.

<sup>171</sup> Nje phambi kokuba sithandaze, kunye nani ngeentloko zenu ziqutyudiwe, andazi, ngale ntsasa, uhleli kule nkomfa, ukuba uMoya oyiNgcwele awutshongo na kuwe, “Unetyala.”

Kwaye mhlawumbi uthi, “Moya oyiNgcwele, Uyabona, ingolu *hlobo*.”

<sup>172</sup> Yilonto uMoses wayitshoyo kwinkomfa yoLwandle oluBomvu. “Kunje, Nkosi. Ndize ndazokutsho apha, kodwa andinakuqhubeka. Kukho into endleleni yam.”



173 Kunokuba kukho into endleleni yakho. Kodwa, khumbula, uThixo waxelela uMoses, “Hamba, thetha nabantwana bakaSirayeli, uze ubheke phambili.”

174 Ukuba ungathanda ukukhunjulwa kwilizwi lomthandazo, ungaphakamisa nje izandla zakho uthi, “Ndithadazele, mzalwana.” UThixo akusikelele. Bethu! Konke esakhiweni, iqela lezandla.

175 Bawo waseZulwini, ngeli lophukileyo izwi gxebe lingxwelerhekileyo, ngenxa yokushumayela, kodwa ngandlela ithile, engenye, omkhulu uMoya oyiNgcwele unike abantu ingcinga ebekubhekiselwe kuyo. Xa, umprofeti athe, “Yizani ngoku, masibonisane, itsho iNkosi.”

176 “Ngoku yiza, masibambe inkomfa omnye nomnye, kanye kwezi zitulo apha sihleli khona. Ndihleli apha, ecaleni lenu. Ndithetha nani.”

177 “Kodwa, Nkosi, ndonile,” utsho umoni. “Ndenze kangako. A—andikholelwa ukuba Unokundixolela, Nkosi. Ndilinxila. Ndingothengisa ngomzimba. Ndi, owu, umntu odume-kakubi. Andikholwa, Nkosi, ukuba kuyakubakho ithuba lam.”

178 Emva koko siva aMazwi amnandi ebuya, “Nakubeni izono zenu zingqombela, ziyakubamhlophe njengekhephu. Nokuba zingabomvu njengegazi; ukuthabatha ubomi beentsana ezininzi phambi kokuba zizalwe, kunye—kunye nezinto ebezimbi. Nokuba zibomvu njengegazi, ziyakubamhlophe njengoboya bemvana.” Enjani inceba! “Masibonisane,” utsho uThixo ngoku.

Masize, sibambe lenkomfa, Nkosi.

179 Kwaye—kwaye Wena uthetha nabantu Bakho. Baphakamisa izandla zabo, ezibonisa ukuba Uhleli ngakubo. Kuba kubhaliwe eSibhalweni, “Akukho mntu unokuza kuM, ngaphandleni kokuba uBawo Wam amtsale kuqala. Kwaye bonke athe uBawo wandinika bona Mna bayakuza kuM. Kwaye Ndiyakubanika uBomi obungunaphakade, ndibavuse kuMhla wokugqibela.”

180 Ngoku siphe, Nkosi, okokuba ngamnye abathe baphakamisa izandla zabo, kwakunye nabo abathe abaziphakamisa izandla zabo, naphina ezo Zakho zincinci iinkomfa zibanjiweyo kwesi sakhwiwo nje ngoku, nabantu, banga bangamkela inceba Yakho yoxolelo baze bazaliswe nguMoya Wakho, baze bahlanjwe eGazini Lakho. Kwaye ekupheleni kwendlela, wanga Ungathi, “Kwenziwe kakuhle, sicaka sam, esilungileyo nesithembekileyo. Ubuthembekile ngala ntsasa, e-Eighth ne Penn Street, ngoku ngena eluvuyweni lweNkosi, ebelilungiselelwe wena kusukela ekusekweni kwehlabathi.”

181 Nkosi, Thixo wam noBawo wam, ndibanikela kuWe. Andinakwenza ngakumbi. Ndingumshumayeli nje Wakho, kwaye andinakwenza ngakumbi. BangaBakho. Qubisana nabo, Bawo, ngokwezidingo zabo, zentliziyo yabo. Siyabavumela . . .

okanye sibanikela kuWe, eGameni Lowakho uNyana, uYesu Kristu. Amen.

<sup>182</sup> Ukuba wakhe waqwalasela, emnqubeni, andivumeli abantu baye kutsalela abantu esiguqweni. Andikholelwa kokuya. Ukuba uThixo akakuzisi, ayisayi kunceda ukuba omnye umntu ayenze. “Akukho mntu unokuza ngaphandle kokuba uBawo waM amtsale. Kwaye bonke athe uBawo...” Kwaye uBawo uyakutsala ngokuba igama lakho likwiNcwadi yoBomi beMvana. “Kwaye bonke athe Wabanikela kuM bayakuza kuM.” Nokuba usesitulweni sakho, esiguqweni, naphina apho ukhoyo, uyakuza. Leyo yinyaniso ngqo. UYesu watsho njalo.

<sup>183</sup> Ke ngoku, nina bantu bathandekayo abaphakamise izandla zenu, inyathelo elilandelayo lokuba nilithathe, ukuba anibhaptizwanga, kukuba nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukwenzela ukuxolelwa kwezono zenu. Lowo ngumqathango kagqirha, uGqirha uSimon Petros, owayenezitshixo zobuKumkani, kwaye akuxelele indlela yokungena.

<sup>184</sup> NgoMhla wePentekoste, bathi, “Yintoni emasiyenze ukuze sisindiswe?”

<sup>185</sup> Wathi, “Guqukani, nonke ngabanye.” Yilonto kanye enisandula kuyenza. “Emva koko nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukwenzela uxolelo lwezono zenu,” ukubonisa ebantwini, nasehlabathini, ukuba niyakholwa (ukufa, ukungewatywa, ukuvuka kukaYesu Kristu) Wathabatha izono zakho. “Ngoko niyakwamkela isipho sikaMoya oyiNgcwele. Kuba idinga likuni, nakubantwana benu, kwabo bakude, nakwabaningi eyakuthi iNkosi yethu uThixo ibabize.” Landela lamyalalo.

<sup>186</sup> Ukuba ayikho kulomnquba, emnqubeni apho uya khona, ibandla apho uhamba khona, naphina ikhoyo, sukuhlala ngaphandle. Ngena ngokukhawuleza emzimbeni wamakholwa kamoya. Yiya e-Assemblies of God, ibandla likaThixo, amaPentekoste oBunye, amaPentekoste obuBini, buThathu, nantoni enokuba yiyo. Andikhathali apho uya khona, kodwa ngena msinya ebandleni. Beka ubudlelwana bakho phaya. Ukuba bafundisa izinto ezincinci, mhlawumbi, okuya wena akukwenzi; awuthi, “Ke, Mzalwana uBranham khange akufundise ngolwahlobo.” Kulungile, akwenzi namnye umahluko, nakanjani. Ukuba unawo uMoya oyiNgcwele, qhubeka. Hamba nabo. Tyhala. Si—sizakuya kwenye sonke, nakanjani.

<sup>187</sup> Xa itempile kaSolomon yasikwayo, kwihlabahti lonke, yasikwa kwihlabahti lonke, angaqhelekanga ukujongeka amatye ahlukahlukeneyo, kunye nayo yonke into engenye. Kodwa xana aqalisa ukuhlanguka, kwakungekho ngxolo yasarha okanye isandi sehamile. Amashumi amane eminyaka

ekumisweni kwetempile, zange beve nakunye ukubetha kwehamile, okanye ingxolo yesarha. Onke ayesikwe kakuhle.

<sup>188</sup> Onke la mabandla makhulu, anoMoya oyiNgcwele, ayakuhamba kunye kakuhle kwindawo alungele kuzo, kula Mhla, eMzimbeni kaKristu, ukwenzela uXwilo. Ke ngena nje apho bakholwa iVangeli.

<sup>189</sup> Ngoku, zihlobo zam ezithandekayo, andiyazanga ukuba ndithathe elingako ixesha lenu. Andilazi ixesha endigene ngalo. Ingaba ibilicala emva kweyesithoba okanye intsimbi yeshumi, okanye into ethile? Intsimbi yeshumi. Andinako...Ingaba koko, ngenene kangako ubude? Kubenzima ukuba ndikwazi ukuyikholelwa.

<sup>190</sup> Sinexesha ukwenzela nje umthandazo ukwenzela abagulayo. Sibathembisile oko. Ngoku, nje umzuzu omnye. Ukuba nje ningasinika ishumi elinesihlanu lemizuzu. Nje... Ndiyakholwa lishumi elinesihlanu lemizuzu kuphele, ke siyakuthatha nje ela shumi linesihlanu lemizuzu ngokwewotshi yam. Phulaphulani. Akukho nto... .

<sup>191</sup> Uxanduva lwakho lokuqala, xa ugula, kakade, uya kugqirha wakho. Wenza konke anokukwenza. Ukuba akanakwenza ngakumbi, unelungelo lokuya kwiNcutshe enkulu ngoko. Ngoku, asichasenanga noogqirha.

<sup>192</sup> Ndinezihlobo ezininzi zabathandekayo oogqirha abangabangane bam, alungileyo amadoda akholelwa kuThixo. Kwaye ndiyabathandazela, kwaye nabo bayandithandazela. Injalo lonto. Bafumana isigulana abangenakwenza nto ngaso. Abaninzi abalungileyo oogqirha, kakade, ndingcina amagama abo. Mhlawumbi abazaliswanga nguMoya oyiNgcwele nezinto, kodwa bangabantu abalungileyo. Bathi, "Mzalwana Branham, akukho nto endinokuyenza ngala ngxaki; ukuba uyakuyithatha."

<sup>193</sup> Ndithi, "Yithumele. Mandi... Andinakuyenza. Ndiyakuyivumela kuYesu, ndiyinikele kuYesu Kristu, Makayenze." Yabona? Ke ilungile.

<sup>194</sup> Kodwa, jonga. Ukuba kwakhe kwakho nayiphi impiliso eyenzekayo, uKristu iyakuba nguLowo oyenzayo. Ugqirha angasusa isithinteli, atsale izinyo, okanye—okanye asike asuse into, asuse ukudumba kwethumbu, asuse, asike umhlaza, asike intsumpa, okanye atyande; okanye into engenye, afake ityhefu kuwe, ukubulala iintsholongwane. Kodwa akukhonto inokuphilisa ngaphandle koThixo, kuba kufanele ibe yindalo, iphinde ikhule. Kwaye akukho yeza liyakudala. Yabona? Mnye kuphela uMdali, lowo nguThixo. Ngoko, iiNdumiso 103, bona. Zonke iZibhalo zinyanisile. "NdiyiNkosi Ephilisa zonke izifo zenu." Ayithi lonto ugqirha akanandawo kuyo. Ewe, unayo. Ukuba ndophula ingalo yam, uxanduva lwam kukuya kugqirha owaziyo imiliswa njani la ngalo, kodwa akanakuyiphilisa la

ngalo yam. Angayimilisa nje, abuyisele amathambo endaweni yawo. Aze emva koko uThixo anikeze ikhalisiyam nanjalo njalo, adale into, oko ngaphakathi engalweni yam, eyikhulisayo iyibuyisele kwakhona. UThixo ngumphilisi. Yabona?

<sup>195</sup> Ngoku, besishumayela ngale veki. Isithethe samaYuda ngabantu, kwixesha lamaYuda, yayikukuya, kubekwe izandla kogulayo. Yilonto abayenzayo. Yonke into yayisekubekweni kwezandla. Yayingumyalelo wamaYuda. Kodwa zange ibe yilondlela kwiiNtlanga, zange. Xa intombi kaYayiro, umpristi womYuda, xa yafayo, wathi kuYesu, “Yiza, ubeke izandla Zakho kumntwana wam kwaye uyakuphila. Beka izandla zakho kuyo.”

<sup>196</sup> Kodwa xa Waya kumthetheli-khulu womRoma, wathi, “Andifanelekanga ukuba Wena uze phantsi kwendlu yam. Yima phandle phaya apho Ukhoyo, uze nje uthethe iLizwi.” Waqonda igunya uYesu awayenalo. Wathi, “Ndingumntu ophantsi kwegunya, ndine. . .” Wayengumthetheli-khulu. Yayithetha—yayithetha ikhulu lamadoda angaphantsi kwayo. Wathi, “Ukuba ndithi kulendoda, ‘Yenza *le*,’ iyayenza. Kwaye la ndoda, ‘Yenza *leya*,’ iyayenza.” Wathi, “Kwaye Wena unegunya phezu kwaso sonke isifo, nako konke ukuxhwaleka, nayo yonke into. Zonke ziphantsi kolawulo Lwakho. UnguMlawuli omkhulu.” Owu, ndiyakuthanda oko.

<sup>197</sup> Oko kwachukumisa nentliziyo kaYesu. Kwaye Wajikela ngoko, ebantwini abangamaYuda, kwaye Wathi, “Andifumananga lukholo lunjengolo kwaSirayeli.”

<sup>198</sup> Umfazi womSirofonikazi, iGrike leNtlanga, leza kuYe lathi, “Nkosi, ndinomntwana elele phantsi apha, athi umtyholi amkhathaze ngamaxesha ahlukeneyo.” Mhlawumbi wayengoxhuzulayo okanye uhlobo oluthile lwempambano. Wathi, “Ukwisimo esibi kakhulu. Ungamphilisa Wena?”

<sup>199</sup> Kwaye Wazama ukholo lwakhe. “Kutheni,” Wathi, “akulunganga ukuthabatha isonka sabantwana usinike izinja.” Embiza ngenja. Kwaye ngezo ntsuku,inja yayiyenye. . . malunga nje ngehagu, eyona nto iphantsi eyayikho. Wathi, “Akulunganga kuM ukuthatha isonka sabantwana, ndisinike nina zinja.”

<sup>200</sup> Wathi, “Yinyaniso leyo, Nkosi.” Owu, ndiyakuthanda oko. “Yinyaniso leyo.” Wathi, “Kodwa, Uyazi, izinja, phantsi kwetafile, zitya ingqushu zabantwana.” Oko kwamchukumisa Yena.

Wathi, njengoko wenzile ngenye imini, Hattie, into elungileyo.

<sup>201</sup> Wajika waze Wathi, “Ngenxa yoku kutsho, idemoni limkile kwintombi yakho.” Zange kwafuneka kuyiwe kuye ayokubekwa izandla.

NgoMhla wePentekoste, xa uMoya oyiNgcwele wawa . . .

202 UFilipu wehla waya eSamari. Babesisiqingatha sobuYuda, ke, xa wehlayo, kwakufuneka abeke izandla kubo, ukuze bamkele uMoya oyiNgcwele. UMoya oyiNgcwele ubungekezi nakomnye kubo, okwakalokunje, ke bathumela babiza uPetros. Babebhaptizelwe eGameni likaYesu, ke benyuka bafumana uPetros noYohane, eYerusalem, kwandlunkulu. Kwaye behla babeka izandla kubo, baze bamnkela uMoya oyiNgcwele. Emva koko uPetros wenyukela endlwini kaKorneli. . . Yabona, kwafuneka abeke izandla kubo. Jonga, iZenzo 19, xa ela gquba lamaYuda e-Efese, kwafuneka abeke izandla Zakhe kubo, okokuba bamkele uMoya oyiNgcwele.

203 Kodwa, ngelixa esendlwini kaKorneli, “Ngelixa esawathetha la Mazwi, uMoya oyiNgcwele wabawela.” Kungabekwanga zandla. UMoya oyiNgcwele wawa xa beva iNyaniso. Babelambile kwaye belinde Wona.

204 Ingaba ulambele impiliso kangako, ngale ntsasa? Ngoko vumela uMoya oyiNgcwele uthethe, ukuba uYesu unguye izolo, namhlanje, naphakade. Uyayikholwa lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ingaba Wathi, “Imisebenzi eNdiyenzayo niyakuyenza nani?” [“Amen.”] Ingaba Wazazisa njani Yena ebantwini, ukuba nguMesiya wabo, uMesiya wamaYuda? Ingaba Wayenza njani kumaYuda? Ngokuwaxelela wona imfihlelo yentliziyo zawo. Bamqonda Yena, uMesiya. Bangaphi abayaziyo ukuba yinyaniso leyo? [“Amen.”] Ngokuqinisekileyo.

205 Xa uPetros weza, kwaye Wathi, “Igama lakho nguPetros.” Kwaye wathi. . . Okanye, “Igama lakho nguKeyafa.” Wathi, “Uyakubizwa ngoPetros. Igama likayihlo yayinguYona.” Oko kwayigqiba. Wayazi yayinguMesiya.

206 Xa uFiliphu waya kufumana uNathaniyeli, Wathi, “Wena u. . . Uyelungileyo, enyanisekileyo indoda.”

Wathi, “Ngoku, Rabhi, undaze nini Wena?”

207 Wathi, “Phambi kokuba akubize uFilipu, xa wawuphantsi komthi, Ndakubona.” Iimayile ezilishumi elinesihlanu ekujikeleni iintaba, uhambo lwemini, “Ndakubona.”

Wathi, “UnguNyana kaThixo, uKumkani kaSirayeli.”

208 Wehlela kumaSamari. Wayenesidingo sokuya phaya. Kutheni? Wehlela kumaSamariya. Kwaye kwakukho umfazi womSamariya, kwaye ke Wacinga Uyakumnika yena nje umqondiso kaMesiya. Kwaye Wathi, “Hamba ubize umyeni wakho nize apha.”

Wathi, “Andinamoyeni.”

Wathi, “Utsho kakuhle, kuba ubunamahlanu.”

209 Wathi, “Mhlekazi,” ngamanye amazwi ngoluhlobo, “besikhangela uMesiya ozayo, kwaye Uzakuba ngumProfeti-Thixo. Kwaye siyazi, xa Esiza, Uyakusixelela ezi zinto. Ke, Kufanele ube luhlobo oluthile lomprofeti.”

Wathi, “NdinguMesiya. NdinguYe lowo uthetha gaye.”

<sup>210</sup> Washiya la nkonkxa yamanzi, umthengisi ngomziba nohluphekileyo, enjani imeko awayeyiyo, waze wabaleka ukuya esixekweni, waza wathi kuloo madoda, “Yizani, nibone uMntu Ondixelele okusentliziweni yam. Ingaba lowo asingoMesiya? Ingaba lowo asingoMesiya?”

<sup>211</sup> Akukho nalinye ixesha eyakhe yenziwa kwiiNtlanga. Hayi, mhlekazi. Lona ngumhla wazo, xa iZikhanyiso zangokuhlwa.

<sup>212</sup> AmaYuda akwisizwe ngoku, ukuba alawule ihlabathi. Ngelinye ixesha ayekwenzile. Ayabuya. Qaphela lamthi womkhiwane uvelisa imithupha yawo, ngaphaya. Qaphela umYuda, naphina apho akhoyo, ikhalenda kaThixo, uyakufumanisa. Akasokuze amlahle uSirayeli. Kodwa uSirayeli kwafanela amfanyekiswe. Andikutsho oku endaweni yalo mYudakazi uhleli apha. Kodwa uSirayeli kwafanela amfanyekiswe, ukuze kunikwe thina ithuba. Bathande. Sukukhathazeka, bayakutyatyamba kwakhona. “Okushiywe ngumqikela, umnqunquthi wakudla. Okushiywe ngumnqunquthi, inkumbi yakudla. Kodwa Ndiyakubuyisela, itsho iNkosi.” Kwakudliwe oko nje, okwethutyana, ukuze sibe nokungeniswa ngaphakathi. Amehlo ethu avulekile.

<sup>213</sup> Ngoku yintoni? Umhla wethu uyaphela. AmaYuda ayaqalisa ukuhlangana kwakhona, ngokudibeneyo, njengoko uThixo etshilo. Kwaye izikhanyiso zangelixa langokuhlwa ziyakhanya. Kwintoni? Kuphi apho iziKhanyiso ngokuhlwa zikhanya khona? ENtshona. Zikhanye eMpuma, kumYuda, abantu basempuma, ekuqalekeni. Ibe iyimini emnyama yamahlelo nanjalo njalo, kodwa iziKhanyiso zangokuhlwa ziyakukhanya kwiiNtlanga, kwisiqingatha somhlaba wase ntshona. Naku silapha ngoku, esiphelweni. Si—sikuNxweme lwaseNtshona. Ukuba uyakuya phambili, ubuyela eMpuma kwakhona. Impucuko ityhutyhe ngala ndlela. Ke, iziKhanyiso zangokuhlwa ziyakhanya, “UYesu Kristu isenguye izolo, namhlanje, naphakade.”

Masithandazeni.

<sup>214</sup> Ngoku, Nkosi, aba ngaBakho bonke. “Ukholo lweLizwi liza ngokuva, ukuba iLizwi likaThixo.” Kwaye, Thixo, Wenza aMazwi Akho abonakaliswe, ukuqondakalisa ebantwini okokuba UnguThixo. Ngoku makwaziwe, ngale ntsasa, okokuba UnguThixo, kwaye mna ndingumkhonzi Wakho, ndibaxelela inyaniso yoBomi obunguNaphakade. NgoYesu Kristu iNkosi yethu, siyathandaza. Amen.

<sup>215</sup> Ndiyakholwa, uBilly undixelele phandle phaya, ukuba kwakukho i—imfumba enkulu yamakhadi okuthandazelwa, abantu abaninzi apha. Asinakubazisa bonke phezulu, niyayazi lonto, okokuba kona ku—okokuba kona kuqondakalise oko, okanye nje okokuba nibone. Ngoku, uThixo akunyanzelekanga ukuba ukwenze oku. Kwaye wonke ubani uyakwazi oko?

216 UYesu wayenganyanzelekanga ukuba aphilise nabanina xa Wayesemhlabeni. Beniyazi lonto? Kodwa Wayenza, ukuze kuzaliseke oko kuthethiweyo ngumprofeti. Ingaba injalo?

217 Wenza oku, okokuba iLizwi lizalisekiswe, “Njengoko kwakunjalo ngemihla yeSodom, kuyakubanjalo ekuBuyeni koNyana womntu.”

218 Niyaqwalasela, babenoBilly Graham no-Oral Roberts, bona, kumhla weSodom. Amadoda njengabo ehla aze ashumayela kumaSodom esixekweni.

219 Kodwa umenyulwa u-Abraham neqela lakhe babeliqela elikhutshelwe ngaphandle, ngaphandle kwicala elinye. Hlobo luni lweNgelosi eyashiyekela ngasemva yashumayela kubo? Qaphela. INDoda yahlala phaya, yathi Yona inguMhambi osuka kwesinye isizwe. Uthuli ezimpahleni zaYo. Ibe itye nje inxalenye yethole, yasela ubisi olusuka kunina, yatya amaqebengwana ombona, no-Abraham. Ngelixa, mhlawumbi enehlaha lokubetha impukane, egxotha iimpukane, ngelixa Yenya, ehleli phaya, esitya. Kwaye emva kokuba emkile Yena... u-Abraham wambiza Yena, “Elohim, uSomandla.” Kodwa WayeyiNdoda; uThixo ebantwini Bakhe. Ngoku jonga Awakwenzayo, Wazi njani. Wahhala phaya wathetha no Abraham. Wathi... Ngoku, ityeli lokuqala Awadibana ngalo no Abraham, ityeli lokuqala u-Abraham eMbona, nokumazi.

220 Kwaye lana amanye amadoda ayezakuya eSodom. Kwaye ehlela phaya aze ashumayela, abamfamekisa abantu. Ingaba ayikuko oko ukushunyayelwa kweVangeli kukwenzayo, kumfamekisa ongakholwayo? Qwalasela.

221 Kodwa Lona wema ngasemva phaya neBandla elonyuliweyo, u-Abraham neqela lakhe, abolusiweyo, aboqobo. Wathi... .

222 ULote waye—wayengulowo owayehlala esixekweni, kwaye enamaxesha amakhulu. Kwaye bona indlela iintombi zakhe zazinjalo, nendlela oonyana bakhe babenjalo, nayo yonke into. Oko nje kufana nehlabathi namhlanje, iSodom, isono nayo yonke into. Elo libandla, elingaphiliyo.

223 Kodwa iBandla, likamoya, lelibizwe-lakhutshwa iqela, elahluliweyo. Loluphi uhlobo lweNgelosi eza kulo? Ngoku masiyiqaphele. Ngoku, khumbulani, iNkosi yenu ithe, “Njengoko kwakunjalo ngoko, kuyakubanjalo ekuBuyeni koNyana womntu.” Watsho njalo uYesu. “IZulu nomhlaba ziyakugqitha, kodwa aMazwi aM awasokuze asilele.” Ngoku phulaphulisani, kwaye nizole.

224 Ngoku, le Ngelosi yathetha no-Abraham. Yathi, “Abraham, uphi umfazi wakho, uSarah?” Wayazi njani wayetshatile? Wayazi njani wayenomfazi? Kwaye Walazi njani igama lakhe lalinguSarah? Isimanga, yayingesiso?

Kwaye u-Abraham wathi, “Usententeni, ngasemva Kwakho.” Uh-huh.

225 Wathi, “Abraham, ekubeni u—ukholelwa uThixo, kwaye uzakuba yindlalifa ehlabathini, zonke iiNtlanga nako konke kuyakuziswa ebuKumkanini ngeMbewu yakho. Ngeyakho... Isithembiso senziwe kuwe. Andisayi kunqabisa nasinye isithem-... nantoni ifihlwe kuwe, Abraham.” Owu, ndiyakuthanda oko. “Andisayi kukufihla oku kuwe, Abraham. Kodwa undikholelwe Mna, ngolwa sana, amashumi amabini anesihlanu eminyaka. Ngoku ulikhulu leminyaka ubudala, kwaye yena ungamashumi asithoba. Kodwa, Abraham, ngokwexesha lobomi...” Kumxube wabaphulaphuli, niyazi ndithetha ntoni, amashumi amabini anesibhozo eentsuku. Wayeyekile, amashumi amahlanu eminyaka, okanye ngaphezulu, ehe, amashumi amathandathu eminyaka phambi koko. Wathi, “Ngokwexesha lobomi noSarah, ndizakukutyelela kwakhona, kwaye uzakuzisa olwa sana.”

226 Kwaye uSarah, emva Kwakhe, ententeni, amacala evaliwe, wahleka ngaphakathi kuye. Nje... [UMzalwana uBranham ulinganisa ukuhleka okuthuleyo—Mhl.] Kwaye wathi ngaphakathi kwakhe, “Ingaba ndingaba nokuzonwabisa nenkosi yam?” Umbiza ntoni umyeni wakho? “Ndingaba nokuzonwabisa nenkosi yam kwakhona, ekubeni ndimdala, kwaye naye mdala, ngokwakhe?”

227 Yaza iNgelosi, inomva Wayo ujikiwe, yathi, “Kutheni uSarah ehlekile? Yintoni emhlekiwayo?” Akuboni? Luhlobo luni loMoya, luhlobo luni lweNgelosi, eyayiyiyo, eyatyelela elaBandla lonyuliweyo phaya?

228 Ngoku, uYesu wathi kwa lanto inye iyakwenzeka nje phambi kokuBuya Kwakhe. Lowo iyakuba ngumqondiso woKuza Kwakhe.

229 Masibize umgca wokuthandazela. Wasenza isithembiso. Uyasigcina. Ngoku, phaya, ndaweni ithile ngapho, ndifanele ndibize abahlanu okanye abathandathu abantu, ngokobuninzi abanokuma apha. Abanye benu bakholwe nje. Qaphela. Ukuba akunalo ikhadi lokuthandazelwa ube uze apha, oko akuthethi nanye into. Ndikucela umngeni. Apha koko... .

230 Apha koko iMbewu ka Abraham yakwenzayo, uYesu, xa Wayesemhlabeni.

231 Ngenye imini, Wayegqitha kwisihlewele sabantu. Kwaye bonke babesithi, “Molo, Rabhi. Mini entle, Gqirha. Unjani Wena, Mfundisi? Ndiyavuya ukudibana naWe, Mfundisi. Ndiyavuya ukuba naWe khona ngapha. Ndizakuba nomhlangano ngelixa singapha?”

232 Kwaye omncinci ohluphekileyo umfazi wayenesidingo, ke wanyebelezela esihlweleni waza wachukumisa ingubo Yakhe. Kuba wathi ngaphakathi kwakhe, “Ukuba nje



ndiyakuchukumisa laNdoda ingwele.” Yabona? Ukhohlo lwakhe. Yabona? “Ukuba ndichukumise Yena, ndiyakuphiliswa.” Ke waMchukumisa, waza wabuyela emva esihlweleni. Wathi, “Owu, ndiqinisekile ndiphilisiwe, ngokuba ndiyakukholwa oko. Ndiyayikhohla. Ndiyazi ndiphilisiwe. Ndi—ndiyakholelwa nje ukuba ithombe legazi liyayeka kanye ngoku. Ndiyayikhohlelwa nje.”

<sup>233</sup> Wema uYesu, wathi, “Yitsho, ngubani oNdichukumisileyo?” Onjani umbuzo!

<sup>234</sup> Wathi uPetros, ngamanye amazwi, “Nkosi, yintoni ingxaki ngaWe?” IBhayibhile yathi wamngxolisa Yena. Wathi, “Uthetha ntoni ngoko? Kutheni, wonke umntu uyaKuchukumisa! Kanjani uthi... Wena, ekubeni unguMesiya, Akoyiki Uyakuzihlazisa apha phambi kwaba bantu, Ngubani oNdichukumisileyo?” Kwaye ndiyafunga kubekukho amakhulu amahlanu aKuchukumisileyo kulomzuzu wokugqibela. Uzakuthini Wena, into enjeya ngaleya?”

<sup>235</sup> Wathi, “Kodwa olu ibeluchukumiso olwahlukileyo. Ndiyabona ukuba Ndibebuthakathaka.” Isidima, wonke ubani uyazi isidima ngamandla. “Ndibebuthakathaka. Amandla amkile kuM.”

<sup>236</sup> Kwaye Wabhekabheka, bhekabheka. Yabona, kukho ukhohlo phandle phaya, ndaweni ithile. Wabhekabheka, waza Wamfumana lo mfazi mncinci. UMoya oyiNgcwele owawukuYe, ngokuzelelo, waMkhokelela kanye kulo mfazi mncinci. Ela thombe legazi awayenalo, Wathi, “Ukhohlo lwakho! Ngoku, Andizange ndikuphilise. Andizange ndibe nanto yakwenza nayo, kodwa ukhohlo lwakho,” (kuBani?) “kuThixo, Lowo Ndimmelelo, ukhohlo lwakho lukuphilisile.”

<sup>237</sup> Ngoku, iBhayibhile itshilo ukuba Usenguye izolo, namhlanje, naphakade. Oko, kunye kumqathango, kunye emandleni, kunye kwisimo. UThixo omnye owaphila kuKristu, uphila eBandleni, hayi okungako kwaKo. Wayenako ngaphandle komlinganiselo, sinaKo ngomlinganiselo. Kodwa ukuba ubunecephe eligcwelelo ngamanzi, asuka elwandle, kwa amachiza amanye ayekulwandle lonke, akwicephe eligcwelelo. Khumbula oko. Injalo lonto. NguThixo omnye.

<sup>238</sup> Ngoku, iBhayibhile ithe, kumaHebhere, watsho oko, “UYesu Kristu kanye ngoku nguMbingeleli Omkhulu onokuchukunyiswa luvelwano zizilwelwe zethu.” Bangaphi abakwaziyo oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kuhle, ukuba Ukwanguye uMbingeleli Omkhulu, Akanakwenza ngendlela enye ukuba Ebechukunyisiwe? [“Amen.”]

<sup>239</sup> Yintoni esiyiyo? Umlomo wakhe. Sinikezela iziqu zethu kuYe, namazwi ethu asingomazwi ethu. “Sanukubanaxhala ngeniyakukutsho, kuba ayinini abathethayo. NguBawo ohlala kuni. Uyathetha.”

<sup>240</sup> Ndaweni ithile, bekuphi apho, Billy, isinye ukuya kumashumi amahlanu, okanye isinye ukuya kwikhulu? [UMzalwana uBilly Paul Branham uthi, “Ikhulu.”—Mhl.] Isinye ukuya kwikhulu.

<sup>241</sup> Ngokwesiqhelo, abantu baqukana kwela khadi lokuqala, ke siyakuliyeka eliya lodwa okomzuzu. Masiqale kwinani elingaqhelekanga, masithi, amashumi amathathu. Ngubani onekhadi lokuthandazelwa amashumi amathathu? Phakamisa isandla sakho.

<sup>242</sup> Yintoni—yintoni unobumba? [UMzalwana uBilly Paul uthi, “B.”—Mhl.] B, B amashumi amathathu. Kulungile.

<sup>243</sup> Jonga ezipokothweni zakho, tsala ikhadi lakho lokuthandazelwa. Kwaye ukuba phaya... [UMzalwana uthi, “Kanye phaya.”—Mhl.] Kuhle, phulaphulani, ukuba akukho mashumi mathathu, kutheni, siyakuqala ndaweni ithile engenye ngoku. Siyaku—siyakuqala ku... [UMzalwana uBilly Paul uthi, “Kanye phaya, emva.”] Uthini? [UMzalwana uNeville uthi, “Nanko.” UMzalwana uBilly Paul uthi, “Emva, ngasekhohlo.”] Owu, ndiyaxolisa. Ndiyaxolisa. Kuhle. Yiza apha, mhlekazi.

<sup>244</sup> Amashumi amathathu ananye. Ngubani onekhadi lokuthandazelwa amashumi amathathu ananye, ungaphakamisa isandla sakho? Amashumi amathathu ananye. Yiza kanye apha, mhlekazi. Amashumi amathathu anesibini. Ngubani onekhadi lokuthandazelwa amashumi amathathu anesibini? Wena, nenekazi elincinci? Amashumi amathathu anesithathu. Ngubani onekhadi lokuthandazelwa amashumi amathathu anesithathu? Ungaphakamisa isandla sakho? Eli nenekazi, apha. Kulungile, dade. Amashumi amathathu anesithathu. Amashumi amathathu anesine. Ukuya kwikhadi lokuthandazelwa amashumi amathathu anesine? Wena, mhlekazi? Amashumi amathathu anesihlanu. Amashumi amathathu anesithandathu. Amashumi amathathu anesithandathu. Ngubani onekhadi lokuthandazelwa amashumi amathathu anesithandathu? Ingaba ndiyiphosile?

Unamashumi amathathu anesithandathu, nenekazi elincinci? Amashumi amathathu anesixhenxe. Eli nenekazi belibhidekile apha. Fumanisa... Ngubani inani lekhadi lokuthandazelwa lakho? Khangela apho akhoyo. [Udade uthi, “amashumi amathathu anesihlanu.”—Mhl.] Amashumi amathathu anesihlanu. Ndiyaxolisa, nenekazi. Kulungile, fumana indawo yakho. Amakhwenkwe phaya ayakunibeka apho nifanele nibekhona.

Amashumi amathathu anesixhenxe, amashumi amathathu anesibhozo, amashumi amathathu anesithoba, amashumi amane. Masibabone bephakama. Kukho isithathu ngoku. Amashumi amathathu anesibhozo, amashumi amathathu anesithoba, amashumi amane. Amashumi amathathu

anesithoba, amashumi amane. Isinye, isibini, isithathu, isine, isihlanu, isithandathu, isixhenxe, isibhozo, isithoba, ndiyaqikelela ukuba yilonto. Amashumi amane, amashumi amane ananye, amashumi amane anesibini, amashumi amane anesithathu, amashumi amane anesine, amashumi amane anesihlanu. Mawaze lomakhadi okuthandazelwa: ikhadi lokuthandazelwa, ukuya kumashumi amane anesihlanu, ukusuka kumashumi amathathu ukuya kumashumi amane anesihlanu.

Ngoku, ukuba akunakuphakama... Unalo ikhadi lokuthandazelwa, mhlekazi? Unalo, kulungile, yiya ngaphaya. Andiboni kuphela yindoda enye ekhubazekileyo. Ihleli apha kwisitulo samavili. Ngoku, ukuba kukho nabani ngaphandle kwamakhadi okuthandazelwa, ngoku, asazi... Ndiyaqikelela ndifumana ukuxinaniseka phaya, ke ndi... Kuhle. Kulungile. Ndiya—ndiya—ndiyakuma, nje emzuzwini. Kulungile. Asinandawo apha, yabona, ukuyenza ibe ngocwangco.

<sup>245</sup> Ngoku, bangaphi apha abangenalo ikhadi lokuthandazelwa, kwaye noko, uyagula, kwaye ufuna uThixo akuphilise? Phakamisa isandla sakho. Kuhle, ngokwenene ikwindawo yonke, ndiyacinga, nje malunga nendawo yonke.

Kulungile, ngoku, ndizakunibuza, ukuba ninako, kulemizuzu imbalwa ilandelayo... Ntoleyo, ndithathe ngaphezu kwexesha lam ngoku.

Kodwa, apha ngamanqam okokuba eli Lizwi lilungile okanye hayi! Oku kuyalingqinisisa!

Ngoku, mandifumane olungahlulwanga uhoyo lwenu.

Nabani apha uyazi, okokuba, ukuba ndinganakho, bendiyakuphilisa wonke ubani kuni. Kodwa iBhayibhile itshilo, okokuba, “NdiyiNkosi uThixo wakho Ophilisa zonke izifo zakho.” Ixhomekeke phezu koKholo. Zonke ezi zinto ndizishumayeleyo ngale veki, ukuzakuthso kweli xesha, kunye nokuhla ukuya ebomini bam, bezibhekiselele phezu komsebenzi ogqityiweyo kaKristu eKalvary. Ukuba uyayikholelwa, kuko konke uThixo akucelayo: “Ukuba uyakuyikholelwa, uyakukufumana oko ukucelayo.”

Ngoku, kangangoko imiqondiso nezimanga ziyakubonakala, Ukuthembisile oko. Okokuqala, Wabeka ebandleni (Intoni?) abapostile, abaprofeti, abefundisi, abavangeli, abelusi. Olo lucwangco lukaThixo olubekwe ebandleni, ukugqibelelisa abangcwele.

Ngoku, ndifuna ngamnye kuni andinike olwenu olungahlulwanga uhoyo.

Ngoku, kukho malunga nomntu omnye kulamgca wokuthandazelwa endicinga ukuba ndiyamazi. Kwaye yindoda enxibe isuti emhlophe. Andinakulibiza igama layo. Kodwa

ndi—ndiyakholwa isuka ndaweni ithile, malunga, phezulu khona eCarolina, okanye into ethile. Ndi... Ingumthengisi weemoto okanye into ethile. Ndibe namazwi nayo. Andazi kwa igama layo. Kodwa ndi... Ngokuphandle, a—andazi yintoni ingxaki nayo. Ndi... uThixo uyayazi lonto. Andinakunixelela yintoni engalunganga nayo. Kodwa ndicinga bonke kubo ngabangaziwayo ndim. Andibazi.

<sup>246</sup> Bangaphi phandle apha abaziyo ukuba andazi kwanto ngani? Phakamisani izandla zenu. Ewe, mhlekazi. Ngoku, iBhayibhile ithe, “Xa uMoya oyiNgcwele ufika, Uya...” Into yokuqala uMoya oyiNgcwele oyakuyenza! Yintoni? “Uyakutyhila ezi zinto kuni, endinifundisileyo.” Ingaba injalo? Emva koko Uyakwenza ntoni? “Anibonise izinto eziyakuza, abe nguMtyhili wemfihlelo yentliziyo.” Uyakwenza kwa umsebenzi omnye athe uYesu wawenza.

<sup>247</sup> Ngoku, bangaphi abakholwayo ukuba uYesu uligqibile icebo losidiso nempiliso, eKhalvari? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo. Ke, kangangokuya, kugqityiwe, akunjalo? [“Amen.”] Kugqityiwe.

<sup>248</sup> Kodwa kuphela kwento Anokuyenza kukothusa, okanye ukukuzisa ekuqondeni ukuba UsenguThixo kwaye Uyasigcina isithembiso Sakhe. Ke, ekwenzeni oko, Uthambisa abashumayeli Bakhe. Lawo ngalamadoda alungileyo amileyo apha, namanye emva phaya. Uyabathambisa ukuze bashumaye. Ndingohluphekileyo uvingcithuba womshumayeli. Undinike *oku*, ukwenzela ukushumayela kwam, niyabona, endaweni. Kuba, andifundanga kwaye ndingazi nto, niyazi endikutshoyo, ukuba sisifundiswa okanye nantoni, okanye umfundi. Kodwa Unike la madoda amathuba okwenza oko, kwaye angena phaya phantsi kwempemfumelelo aze ashumaye. Owu, angatsho okuninzi kwimizuzu emihlanu kunokuba ndingakutsho kwiyure, ngokuba, phantsi kwempemfumelelo, nje ngenkanunu okanye umatshini wompu ozitshintshelayo ukukhawulezisa ukuYingenisa kanye ngqo, njengomatshini wehamile. Yabona?

<sup>249</sup> Mna, uyabona isipho sam yinto engenye: Kufuneka ndithathe ixesha lam ndifunde oko... kwaye ndilinde ndize ndibone oko uMoya oyiNgcwele andixelela kona okulandelayo. Kwaye bona, ayikho ngokuchanekileyo emgceci wam. Kodwa noko ndiyakwenza, ukwenzela ukwakha ibandla, ukubenza bazi yintoni ingqiqo yam ngoKristu.

Esiqhelweni emihlanganweni, ndiba noshumayeli olungileyo andishumaye. Kodwa ngoku, ngoku lixesha; lena yiyure, emva kokuba iLizwi lishunyayelwe: Ngoko malunga nantoni nayo? Ukuba nje lishunyayelwe, uze uhambe umke, kulungile, akulazi. Kodwa ukuba Uyeza, aze aliqinisekise ukuba oko

Akutshiloyo yiNyaniso, ngoko, mzalwana, isele nawe, ngoko. Injalo lonto, nguwe.

Ngoku, ukuba uMoya oyiNgcwele uyakuza ngale ntsasa ebaphulaphulini, kwaye enze kanye ngendlela Awenza ngayo xa WayekuYesu Kristu, bangaphi abalapha abayakukholwa ukuba uThixo wakhe waphezu kwethu; emva koko wakunye nathi, kuKristu; ngoku ukuthi, eBandleni? Ngokuqinisekileyo.

Ngoku, ukuba ningabona ngoku (Akudingeki ukuba kubekwe izandla kuni, ukuba ningamakholwa enene: “Ngelixa uPetros esawathetha la mazwi, uMoya oyiNgcwele wawela phezu kwabo.” Yabona? “Andidingi, yiza ubeke izandla kwisicaka sam: thetha nje iLizwi, kwaye koko konke Omawukwenze.”), bona ukuba uyimbewu ka Abraham ngoku. Yekela uThixo enze konke.

Bawo waseZulwini, njengomntu, njengesicaka, elo lilizwi lam eligqityiweyo. Wena thetha ukusuka apha, kamva, Nkosi. Makwenzeke njalo, okokuba bayakwazi ukuba UnguThixo phakathi kwabantu. EGameni likaYesu, Amen.

<sup>250</sup> Ngoku, njengomntu, nantsi indoda kanye nje, kuhle, ndingatsho, okokuba, xa uNathaniyeli weza phambi koYesu. Kangangokuba ndisazi, asizange sadibana; singabangazaniyo omnye komnye. Kodwa uThixo uyayazi indoda, andiyazi mna. Kwinkumbulo yam andizange ndiyibone yona, ngaphandle kwenzekile nje ukuba kube sestratweni ndaweni ithile, nokudibana nayo phandle apha, ndixhawule isandla sayo, okanye ndithe, “Unjani, mhlekazi?” okanye into ethile engenye, yakusasa, kuko konke endikwaziyo. Kodwa uThixo uyayazi indoda. Ngoku, ukuba uYesu Kristu ukwanguye izolo, namhlanje, naphakade, ngoko U...ukuba le ndoda iyagula, ngoko, kangangokwayo impiliso, sele Eyenzile. UYesu seleyigqibile lonto. Kodwa nje enye indlela ukufumana yona, ikholwa, ukwazi ukuba uYesu ulapha kanye.

<sup>251</sup> Ngoku wathini uYesu? “Umqondiso, njengokuba wawunjalo eSodom, ke uyakwenziwa kwimihla yokugqibela.” “Imisebenzi eNdiyenzayo,” ibonisa ukuba Wayekwa NguLowo wayeno Abraham. “Phambi kokuba wayekho u-Abraham, NDINGUYE.” Wayeyila Ngelosi. Kwaye apha Yena...Apha nguYe, apha ngale ntsasa, iNgelosi enye, ihleli kuthi.

<sup>252</sup> Ngoku, indoda ingaba ngu—ngumnkwalambisi. Ingaba ngumhanahanisi. Ingaba ngumhedeni. Ingaba ngo—ngongcwele. Yona, andazi kwanto malunga nayo. Imi nje phaya. Kodwa ukuba uMoya oyiNgcwele uyakuza aze atyhile, kuyo, mayibe ngumgwebi ukusukela ngoko. Iyazi. Ukuba uMoya oyiNgcwele ungayixelela yintoni ibisebomini bayo, ngokuqinisekileyo injalo, ukuba oko yinyaniso, ingakholwa ngoko kuyakuba sebomini bayo. Ingaba oko kulungile? Ukuba Angaxela obe

kukho, malunga nantoni nokuyakuba yiyo? Ngoku, iyakwazi ingaba ilungile okanye hayi, nokuba ibe ikho.

<sup>253</sup> Gqirha, uyakukholelwa oku. Wena nomama, nobabini, niyayikholwa. Nomnye ugqirha ehleli emva phaya, ngokunjalo, usuka eSpringfield, Missouri. Yabona? UMoya oyiNgcwele ungaphakathi apha ngoku.

<sup>254</sup> Indoda entloko ingwevu phaya, ihlala phandle e-Alben Motel phandle apha. Ugula yinto ethile ecaleni lakho. [Umzalwana uthi, “Injalo lonto.”—Mhl.] Akusuki apha, into yokuqala. Usuka eCanada. [“Ewe. Injalo lonto.”] British Columbia. [“Injalo lonto.”] Vancouver. [“Injalo lonto.”] Usuka eFinland. [“Ewe.”] Kiitos.

[KwisiFinnish, u-*kiitos* uthetha, “Enkosi.”—Mhl.]

<sup>255</sup> [Umzalwana uthi, “Kiitos, kwaye uThixo akusikelele.”—Mhl.] UThixo akusikelele. Goduka; uphilile. UYesu Kristu ukuphilisile. [“Amen.”]

<sup>256</sup> Uyakholwa? Andiyazi indoda. Andazi ngoku endikutshiloyo kuyo. Lowo ibinguMoya oyiNgcwele othethayo.

<sup>257</sup> Omnye ongaziwayo. Andiyazi indoda, zange ndayibona ebomini bam. Ndiyaqikelela asazani. Ingaba injalo, mhlekazi? [Umzalwana uthi, “Injalo. Injalo lonto.”—Mhl.]

<sup>258</sup> Andizange ndiyibone indoda, andazi nto malunga nayo. Ngoku hlonelani ngenene. Kwaye ukuba andazi kwanto malunga nendoda, kwaye iNkosi iyakundixelela into ethile malunga nayo, ngoko ngokuqinisekileyo kuyakungqinisisa ukuba kuthabatha into ethile ngaphezulu kunomntu ukwenza okuya. Ingaba oko kunjalo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoku ukuba niyakuhlonela ngenene, kwaye niqaphele, kwaye nilumke. Kwaye xa uMoya oyiNgcwele ukhwaza phezu kwakho ngolwa hlobo, wamkele Wona. Wukholelwe Wona, ngentliziyo yakho yonke.

<sup>259</sup> Ongaziwayo. [Umzalwana uthi, “Ewe, mhlekazi.”—Mhl.] Into yokuqala, ufuna usindiso. Ulinxila. [“Injalo lonto.”] Oko kunjalo ngqo. [“Injalo lonto.”] Akungowalapha kwesi sixeko. Uphuma kwesinye isixeko, isixeko sase-Indiana. Ewe. Ndiyakholwa yiNew Castle, into enje ngaleya. [“New Castle. Injalo lonto. Ewe, mhlekazi.”] Ngokuchanekileyo. Uh-huh.

<sup>260</sup> Ukunye no, ngandlela ithile, ongomnye. Ndibona eyomntu uthile i. . . Ukunye nomfazi. Inxibelelene. . . Uphi uLyle Woods? Ngumfazi wakhe. [Umzalwana uthi, “Injalo lonto.”—Mhl.] Ulapha ngoku. [“Injalo lonto.”] Ufuna ukuthandazelwa, naye. Ewe, mhlekazi. Uyakholwa uThixo angandixelela yintoni ingxaki yakho? [“Ewe, mhlekazi.”] Ingxaki yentliziyo. Uyakukholelwa ngentliziyo yakhe yonke, angaphiliswa.

<sup>261</sup> Ndiyalohlwaya elademoni likuwe, elikwenza usele utywala. Goduka, eGameni likaYesu Kristu, kwaye ungaze ubusele

kwakhona. Bhaptizelwa kweLakhe elihle iGama, lisusa izono. Kwaye ndiyalohlwaya idemoni. Langa lingeqqitha kuwe. Amen.

<sup>262</sup> [Umzalwana uthi, “Enkosi, mzalwana.”—Mhl.] Qhubeka. UThixo akusikelele, mhlekazi. Izone zakho zixolelwe ngoku. Hamba, ungaphinde wone.

<sup>263</sup> Yibani nokholo kuThixo. Sukuthandabuza. Kholwa ngako konke okukuwe.

<sup>264</sup> Singabangazaniyo omnye komnye, nenekazi elincinci. Uyamkholwa ukuba uKristu uyasazi sobabini? Apha kunjenga kumfazi equleni, kunye noMsindisi wethu. Akunguye, kwaye nam andinguYe. Kodwa uMoya waKhe uphila ngonaphakade. Umfazi, lo mfazi usemtsha emile apha, une . . . Ukuba ungaKubona, phakathi kwakhe nam kokukuKhanya kweNgelosi imile apha. Kodwa ngaphaya kokuya lithunzi, kwaye ela thunzi kukufa, ubumnyama. Ngumhlaza. Umhlaza uhleli, kwithubu. [Udade uthi, “Injalo lonto.”—Mhl.] Akungowalapha kweli lizwe, nawe. UngumKentucky. [“Injalo lonto.”] Usuka eLaGrange, Kentucky. [“Injalo lonto.”] Injalo lonto. Nkosazana Johnson, ndiyakuxela. Ukuba ukholiwe, ngentliziyo yakho yonke, buyela ekhaya, kwaye uYesu Kristu ukuphilisile. Uyakholwa koko? [“Ndiyakholwa.”]

<sup>265</sup> Ndiyalohlwaya idemoni elithabatha ubomi balo mfazi. Phezu kwemiba yovuko lukaYesu Kristu, ngoku ndicela umngeni uSathana, kwaye ndimxelela ukuba ungoweyisiweyo, okokuba uYesu Kristu wamoyisa eKalvari. Kwaye njengesicaka sikaThixo, phantsi kwentambiso kaMoya oyiNgcwele, okokuba, umyalelo owanikelwa kum yiNgelosi, ndiyalohlwaya elidemoni, ngenxa yobomi balomfazi. Makaphile, owu Nkosi. Amen.

<sup>266</sup> Buyela ekhaya, vuya kwaye wonabe, ubulela iNkosi. Sukuthandabuza ngoku. Sukuba nentandabuzo engecingeni yakho.

<sup>267</sup> Ukhangeleka nyanisekileyo namsulwa kakhulu malunga nokuya, nenekazi. Ukuba uyakholwa, la ngxaki yedlala ohlutshwa yiyo, ukuqaqamba kwamathambo, kholelwa yona ngentliziyo yakho yonke, kuyakukushiya.

<sup>268</sup> Ngoku, inenekazi elincinci live Into ethile kanye apha, kuba kukho umoya phakathi kwabo bobabini, niyabona. Wena, eyakho ilungile, nawe. Kholwa nje, ngentliziyo yakho yonke.

<sup>269</sup> Kwaye ke, inenekazi elincinci ecaleni kwakhe phaya. Ewe, nguwe uhleli phaya, ujonge phezulu, uthandaza. Uh-huh. Laa ngxaki yomqolo, kholwa ngentliziyo yakho yonke. Kwaye nawe, ngokwakho, ubunengxaki yomqolo, kananjalo. Ke nyuka nje ugoduke ngoku, phila.

<sup>270</sup> Uyakholwa, yonke intliziyo yakho? Ulapha ngenxa yentombi yakho. [Udade uthi, “Injalo lonto.”—Mhl.] Intombi yakho isityekelwe kukufa. [“Injalo lonto.”] Ngumhlaza. [“Ewe.”]

Kwaye imeko yakhe kamoya ayintlanga. [“Injalo lonto.”] Ewe, mhlekazi. Yena nje uphantsi naphezulu, phakathi naphandle, kwaye ethe saa. [“Injalo lonto.”] Uyayibona la tshefu onayo esandleni sakho? [“Ewe, mhlekazi.”] Uyakholwa ukuba nguMoya oyiNgcwele othethayo apha? [“Ndiyakholwa.”] Ndinike la tshefu.

<sup>271</sup> Nkosi, eGameni likaYesu Kristu, ndohlwaya lameko yentombi yakhe. Emazwini kanina, yanga ingasebenza phezu kwayo, eGameni likaYesu. Amen.

<sup>272</sup> Hamba; sukuthandabuza. Yiba nokholo. Angagoduka ngoku. Beka la tshefu kuyo. Kholwa. [Udade uthi, “Mayibongwe iNkosi.”—Mhl.] Yiba nokholo kuThixo.

[UMzalwana uBranham uyanqumama imizuzwana elishumi elinesihlanu—Mhl.]

<sup>273</sup> Kukho umfazi, ukuba ningambona. Uvale amehlo akhe. Itshefu yakhe phezulu, ethandaza, esula amehlo akhe. Uchukumise Into ethile, dade. Akuchukumisanga mna, kodwa uchukumise Yena. Ngoku, unemithambo edumbileyo, ingxaki yobubhinqa, iingxaki zazo zonke iintlobo. Injalo lonto. Akunjalo? Phakamisa isandla sakho ukuba oko yinyani. Kulungile. Ngoku goduka, philiswa.

<sup>274</sup> Uchukumise ntoni? Ndifuna ukunibuza. Ngubani, yintoni la mfazi ayichukumisileyo? UMbingeleli oMkhulu. Ingaba ningayiqonda? UYesu Kristu, uNyana kaThixo, ukhona. “Ukuba ningakholwa!”

<sup>275</sup> UMoya usebaphulaphulini. Kholwani. La Ntsika yoMlilo ekulo mfanekiso apha, iyashukuma ebaphulaphulini. Ngumfazi ejonge ngqo kum. Ime phezu kwakhe. Izandla phezulu *ngolu* hlobo, netshefu emlonyeni wakhe. Unengxaki ngentloko, uhlobo lwengxaki yomthambo-luvo wentloko. Injalo lonto. Uyandikholelwa ukuba ndingumprofeti Wakhe? Uyakholwa ukuba lowo nguKristu ethetha nawe? Goduka, uzakuyoyisa. Kholwa ngentliziyo yakho yonke.

<sup>276</sup> Indoda ihleli kanye emva kwakhe phaya, okuthile okunye kuqhagamshelene nayo malunga neCampbellsville, Kentucky. Uh-huh. Unengxaki yomthambo-luvo, nawe; iprostate; iqondo eliphezulu legazi. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke, mhlekazi? Ukuba unjalo, phakamisa isandla sakho ukuba ezo zinto zilungile. Yintoni oyichukumisileyo? Uchukumise Othile, uMbingeleli oMkhulu. Hamba, kholwa, uze uphile.

<sup>277</sup> Apha ngumfazi, uhlobo olunzima, ehleli apha enesandla sakhe phezulu ngakuye. Ndiyakholwa ndiyamazi la mfazi. Ndimbonile ndaweni ithile. Uyathandaza. Unengxaki ngentloko yakhe. Kwaye kwakamsinya xa ndithe “ntloko,” kulowa ungomnye umfazi, nje kwimizuzu embalwa egqithileyo, imthunukile. Unengxaki yentloko, naye. Ndimbonile umfazi ndaweni ithile. Andikwazi kumchana, kodwa ndimbonile. Owu,



ewe, ndiyenza. Ndiyazi ngoku, nkqu nangokwasemoyeni. Ngu Rose Austin, usuka eLouisville, Kentucky. Kholwa ngoku. Goduka, uphile.

<sup>278</sup> Ndiyakwazi. Ndiyayazi eyakho. . . Ndiyabazi ubuso bakho. Bendikunye nawe, ku—kudliwano-ndlebe, esikhojini, apho wamkele uMoya oyiNgcwele. Injalo lonto. Ndabeka izandla phezu kwakho, waze wamkela. Andazi igama lakho ngubani kanye ngoku, kodwa ndiyakwazi. Uneshishini lemoto. Kuko konke endikwaziyo. Andinalwazi yintoni engalunganga nawe. Wena, uyakwazi oko. Injalo lonto. Akho fifi. [Umzalwana uthi, “Hayi.”—Mhl.] Ukuba uThixo uyakutyhila yintoni ingxaki, ngoko okwaMnye okunike uMoya oyiNgcwele, unako ukuphilisa, akunike umnqweno wentliziyo yakho. Yakholwa koko? [“Ewe, mhlekazi.”] Akukho apho ukwenzela isiqu sakho. [“Hayi, mhlekazi.”] Asiyongxaki yakho. Yeyothandekayo. Ngudade eVirginia. Uhlobo lwengxaki ethile, njengomqolo.

<sup>279</sup> Umfazi wakho uhleli phaya. Unesidingo naye. Ekholwa, ingxaki endala yentliziyo nezinto ziyakumshiya. Yena uya. . .

<sup>280</sup> Lo mfazi kanye apha uqhagamshelene nawe. [Umzalwana uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ngumama wakho. [“Ewe.”] Ukhathazwa kukuba ingaba unawo na uMoya oyiNgcwele, okanye hayi. [Ewe.”] Kananjalo, unengxaki yesinyi esimkhathazayo, kunye nokuthile okunye. Ugqirha phaya, hlobo lonamandla umfo, wathi, “Sisibeleko esiwileyo.” Ubufanele utyandwe, kwixesha elithile eligqithileyo. Wayengunobangela wakho wokuba ungatyandwa. [Umama uthi, “Ewe.”] Wayefuna wena uze apha uze uthandazelwe. [“Ewe. Injalo lonto.”]

<sup>281</sup> Lowa ume kanye emva kwakhe uluzalano oluthile. Lamfazi osemntsha uyazalana, ngandlela ithile, kodwa ungomtshato kuphela. [Umzalwana uthi, “Uh-huh.”—Mhl.] Umtshana, ngomtshato. Ukhathazwa malunga nosindiso lwakhe, naye. Injalo lonto. Kwaye uneswekile, umfazi osemntsha. [“Ewe.”] Nkqo yinyani. Niyakholwa? [Udade uthi, “Owu, ewe, mhlekazi.”—Mhl.]

<sup>282</sup> [Ibandla liyavuya—Mhl.] Masiphakamiseleni nje izandla zethu kuThixo.

<sup>283</sup> Owu Nkosi, Mdali wamazulu nomhlaba, Mqambi woBomi, Mniki waso sonke isipho esilungileyo, thumela uBukho Bakho phakathi kwabantu ngoku. Baphe iminqweno yeentliziyo zabo, Nkosi. Sibulela Wena ngoku. Sithandaza ukuba Uyakubasikelela kwaye unike aba bantu oko banesidingo ngako, nguYesu Kristu iNkosi yethu. Amen.

Bangaphi abakholwayo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

<sup>284</sup> Andikhumbuli. Kodwa, ngandlela ithile, Ihambe yehla ngalo mgca, kumnthu othile. Ingaba konke bekuyinyaniso? Phakamisani izandla zenu. Nabani Ethethe naye, ingaba Ibiyinyaniso? [Abantu bathi, “Amen! Lonke ilizwi lalo! Lonke

lalo beliyinyaniso!”—Mhl.] Lonke inyani. Ngoko, kuyinyani ukuba uMoya oyiNgcwele ulapha. Ingaba oko yinyani? [“Amen.”] Ngoku ndikholelweni, njengesicaka Sakhe. Ndiyazi i... Aniphumlanga. Nidiniwe. Yabona? Sukuthandabuza. Kholwa ngoku ukuba lona nguYe. LaMoya uvuthuzayo oweza ngoMhla wePentekoste, kwigumbi eliphezulu, ukwa yinto enye athe yathunuka aba bantu xa okuya bekuthe kwenzeka, ngokuba nguMoya oyiNgcwele omnye. Uyashukuma apha, phezu kwenu, wonke umntu, kanye ngoku. Phandle, phakathi kwezihlwele, nguMoya oyiNgcwele ushukuma phakathi kwenu. Bangaphi... .

<sup>285</sup> Ndifuna nina ninyaniseke kum, njengoko bekuyakuba njalo ngale Bhayibhile phambi kwam. Bangaphi abaziva benemvakalelo engaqhelekanga, eyokuba Into ethile iye yaza? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Lowo nguMoya oyiNgcwele. NguYe. Ngoku kholwani ndim. AMazwi am ayinyaniso. Kuba, uThixo ungqinele iNyaniso Yakhe ngeBhayibhile, ngqinele Yona ngaMandla ovuko Lwakhe, ngqinele Yona ngophando lobunzululwazi, ngoko akukho kwanto engenye yokungqinisisa Yona. UnguThixo. Ilapha. Ngoko, ndiveni. Ndinixelela iNyaniso. Wonke ubani kuni useBukhloneni bukaThixo kanye ngoku, ukuba aphiliswe, iqela lonke lenu. Niyayikholwa lonto? [“Amen.”]

<sup>286</sup> Ngoku ndiyanixelela endifuna nikwenze. Ndifuna nina nje, naphina apha nikhoyo, ngamnye kuni abeke izandla phezu komnye, ukuze nizokubona ukuba asindim. Ni—ninakho nje nani. Ulikholwa. Ukuba uva la Moya oyiNgcwele, Ukuwe. Mhlawumbi hayi kwisipho njengesi, kodwa la Moya oyiNgcwele ukuwe. Mntu uthile, akukhathaliseki ngubani, beka izandla komnye umntu, emva koko uqubude intloko yakho. Bekani izandla komnye umntu, nize niqubude intloko yenu. Ndiziva ndikhokelwe ekwenzeni oku. Ndiva ukuba kulixesha lokuphiliswa kwenu. “Ukuba ninokukholwa!”

<sup>287</sup> Owu, uMoya oyiNgcwele uhamba ebaphulaphulini! La mfo mncinci ngaphaya, osuka eGeorgia, uthandazela umntakwenu ehleli emva ngaphaya; yiba nokholo, kholwa. Owu, Usendaweni yonke, nje ndaweni yonke.

<sup>288</sup> Ngoku, sukuzithandazela. Thandazela umntu onezandla zakho kuye. Oko kuyakwenza wonke umntu athandazele omnye.

<sup>289</sup> Ngoku, Nkosi uYesu, uNyana kaThixo, Owavuka ekufeni, nkqu nezigrogriso zikaPontius Pilato netywina lorhulumente waseRoma zange zibe naKugcina engcwabeni. UThixo uSomandla wehla ngomhla wePasika, watyhalela ilitye emva, waqhekeza itywina. Kwaye Wavuka waza waba nabafundi Bakho, amashumi amane eentsuku, wabayalela ukuba baye ehlabathini kwaye benze ezi zinto ezenziwayo ngoku. Leyo ibe ingamawaka amabini eminyaka eyagqithayo.

<sup>290</sup> Nkosi, UnguThixo. Akunakusilela. Ulapha. Le nkomfa, ngale ntsasa, esibenayo, sibonisene kunye malunga nezi zinto. Sibonisene ukuba UnguThixo; sibonisene, isizathu sokuba UnguThixo, nesizathu sokuba Ulapha.

<sup>291</sup> Kwaye ngoku sinomyalelo osuka kuWe, wokubeka izandla omnye komnye. Oko koko Usiyalele ukuba sikwenze. Uthe, “Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo. Ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphiliswa.” Lowo ngumyalelo wethu osuka enkomfeni. Ngoku, Nkosi, “Ukuthobela kungaphezu kwedini; ukumamela, kunamanqatha enkunzi yegusha.”

<sup>292</sup> Ngoku, Nkosi, njengesicaka Sakho, ndiyayalela, kwaye ndiyalela lonke idemoni, wonke umoya, konke ukugula, konke ukuxhwaleka, yonke into echaseneyo ebe ihlupha aba bantu. EBukhloneni bukaThixo, ngobungqina buka Moya oyiNgcwele, ngomyalelo weNgelosi ethunyelwe kum, ndicela umngeni lomoya, ngeLizwi likaThixo.

<sup>293</sup> Lo moya wokugula noxhwaleko, phuma ebantwini, eGameni leNkosi uYesu Kristu, ubayeke baphile. Bayeke bahambe. Sathana, ungumkhohlisi nje. Sibize isandla sakho. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini amatyeli amaninzi—Mhl.] Ixesha lifikile, xa uYesu Kristu eZibonakalisile ebukhloneni beeNtlanga. Ngoku, Sathana, woyisiwe. Ngelinye ixesha, ube ubabambile abantu. Akunamalungelo asemthethweni ngoku. UYesu Kristu ukuhlube lonke ilungelo obe unalo, eKhalvari. Wahlawula ixabiso elipheleleyo, waze wathi, “Kugqityiwe.” Lonke, icebo elipheleleyo losindiso, yonke impiliso, konke kwagqitywa eKhalvari. Kwaye wena, kwathathwa kuwe, yonke into owakhe wanayo, ngesono nangokuwa. Ngoku sihlangule ngeGazi likaYesu. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini kanye—Mhl.] Kwaye akunakusigcina kwakhona. Sithi, “Siyeke, eGameni leNkosi uYesu Kristu.”

<sup>294</sup> Ngoku, gcinani izandla zenu omnye komnye. Qhubekani nithandaza. Gcinani izandla zenu. . . Qhubekani nithandaza. Ngamnye kuni makacinge nje, “UTHixo ukufuphi. UMoya kaThixo ulapha. UThixo uyandiphilisa. Ukulunga Kwakhe, inceba Yakhe, ububele Bakhe, isithembiso Sakhe senziwe saba yinene kum.”

Singashumayela siqhubeke iiveki neeveki. Ayisayi kwenza namnye umahluko ngoku; uMoya oyiNgcwele ulapha. Kuko konke Anokwenza nangaliphi ixesha, ukuba lapha kanye ngoku.

“Kanye ngoku ndiyakholwa uMoya oyiNgcwele uzibonakalisile kum, eqondisisa kum ukuba uThixo ulapha. NdiyaMkholelwa. Ngumsebenzi ogqityiweyo. NdinaYe. Libango lam. Ngoku ndizaliswa nguMoya oyiNgcwele. Izifo zam, ingqaqambo zam neentlungu zam ziyemka. Zonke inkxwaleko

zam ziyemka kum.” Leyo yindlela yokuthadaza, ngentloko yakho iqutyudiwe, amehlo evaliwe. (*Kholwa Kuphela*, ngoku.)

<sup>295</sup> Gcinani iintloko zenu ziqutyudiwe ngoku. Sizakucula ngoku, nje ngokuzolileyo.

Kholwa kuphela . . .

<sup>296</sup> Ukuhla ukusuka entabeni . . . Umntwana onesathuthwane . . . Abafundi babephaya, bebuzisa kuyise. Uyise wabalekela kuYesu, waze wathi, “Nkosi, nceda umtwana wam.” Wathi, “Ndinganako, ukuba uyakholwa.” “Ndinganako, ukuba uyakukholwa.” Yilonto Ayitshoyo ngoku: “Ndilapha. Ndisandula ukuhla ukusuka eLuzukweni. Ndilapha, Ndiphakathi kwenu. Ndibambe lenkomfa nani. Ndithambise umalusi. Ndilapha. Ndinako, ukuba niyakholwa.”

Kuba zonke izinto zinokwenzeka, kholwa

kuphela;

Kholwa kuphela, kuphela . . .



*INKOMFA NOTHIXO* XHO59-1220M  
(Conference With God)

Lo Myalezo kaMzalwana William Marrion Branham washunyayelwa ngesiNgesi kusasa ngeCawa, ngoDisemba wama-20, 1959, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waza wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2019 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)